# Isiqulatho

**Oondoqo ekufundiseni ukufunda**

Itsheklisti .......... 2

**Intshayelelo** .......... 3

Ukwabiwa kwexesha nesicwangciso sezifundo novavanyo ngekota .......... 4-7

Iveki Yoku-1 .......... 8-15

Iveki Yesi-2 .......... 16-23

Iveki Yesi-3 .......... 24-31

Iveki Yesi-4 .......... 32-41

Iveki Yesi-5 .......... 42-51

Iveki Yesi-6 .......... 52-61

Iveki Yesi-7 .......... 62-71

Iveki Yesi-8 .......... 72-81

Iveki Ye-9 .......... 82-91

Iveki Ye-10 .......... 92-10

# Checklist : Grade 1 Ibhokisi yakwa-Funda Wande

**Izixhobo zase Funda Wande:**

1. Incwadana yezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande: Ikota yoku-2
2. Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande
3. Incwadana yokubhala ngesandla yakwa-Funda Wande
4. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
5. Ipowusta yezigaba zebali yakwa-Funda Wande
6. Ipowusta zegumbi lokufundela zakwa-Funda Wande
    - Isigama Seveki
    - Izandi Zeveki
    - Isisekelo Sokubhala Seveki
    - Amagama Abonwa Rhoqo eveki

**Iipowusta Zesigama (DBE):**

- Umzimba Wam
- USapho Lwam
- Ikhaya Lam
- Esikolweni
- Izithuthi
- Imozulu
- Ukhuseleko Ekhaya
- Izilwanyana Zasehlathini
- Efama

**Izixhobo zakwa-Vula Bula:**

- Ifrieze yoonobumba bakwa-Vula Bula
- Amagama oonobumba bakwa-Vula Bula
- Ifrieze yezandi yakwa-Vula Bula
- Amagama ezandi akwa-Vula Bula

**Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula:**

**Incwadi enkulu:1**
- Bala
- Hayi
- Vula Vala
- Coca

**Incwadi enkulu:2**
- Baleka
- Lala
- Zoba usike
- Mamela

**Incwadi enkulu:3**
- Jika
- Umnikelo
- Utata usele nosana
- Sebeza

**Incwadi enkulu:4**
- Lelikabani eli Vili?
- Ekhaya
- Uhambo
- Yophukile ifestile

**IIncwadi Zamabali esifundo sokufundelwa ngutitshala**

- uNzwana Hagu
- Ikhalipha Lekatana Encinane
- Molo Zoleka
- Iqokobhe elilahlekileyo
- UQwarha Rhalayo
- Isikhukukazi esiBomvu esiNcinane
- I-Orkhestra yaseAfrika
- Chapaza,thontsiza,gquma
- UJafta
- Amaxesha oNyaka noFlip, noFlippie neeTshomi

# Intshayelelo

Izicwangciso zezifundo zeFunda Wande zibonelela ngesikhokelo sosuku nosuku malunga nendlela yokufundisa ukufunda ngentsingiselo usebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeFunda Wande. Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esineenkcukacha malunga:

- nezixhobo ezifunekayo
- namalungiselelo afunekayo
- neenjongo zesifundo
- nesikhokelo senyathelo-nenyathelo malunga nendlela ekunokufundiswa ngayo
- nomsebenzi wovavanyo olusesikweni wekota

IFunda Wande idibanisa indlela yokufundisa uLwimi Lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi. Sisebenzisa izihloko nemisebenzi yeZakhono zoBomi ukufundisa ukufunda nokubhala.

**OKUBALULEKILEYO**

**Unika abafundi amathuba okuba bacinge**

**Ukunika abafundi amathuba okuba bathethe**

**Ukubonakalisa umdla kwizimvo zabafundi**

Funda Wande
Reading for Meaning

# Term Plan : Grade 1 Term 2

| IsiXhosa HL - Grade 1 Term 2 | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Week 1** | **Week2** | **Week3** | **Week4** | **Weeks** | **Week6** | **Week7** | **Weeks** | **Week 9** | **Week 10** |
| | 2-5 Apr | 8-12 Apr | 15-19 Apr | 22-26 Apr | 29 Apr - 3 May | 6-10 May | 13-17May | 20-24 May | 27-31 May | 3-7 Jun |
| **Listening & Speaking** | **Picture:** DBE Pg 78 | **Poster:** Izithuthi | **Poster:** Usapho Lwam **Book:** Iqokobhe elilahlekileyo | **Picture:** DBE Pg 98 | **Picture:** DBE Pg 94 **Picture:** DBE Pg 78 | **Picture:** DBE Pg19 | **Poster:** Imo yezulu | **Picture:** DBE Pg 62 **Picture:** DBE Pg 122 | **Book:** Ikhalipha lekatana encinane | **Picture:** DBE Pg 110 |
| **Shared Reading** | **V.B** - Jika | **V.B-** Umnikelo | **V.B-** Utata usele nosana | **V.B-** Sebeza | **V.B-** Lelikabani elivili | **V.B-** Zoba Usike | **V.B-** Uhambo | **V.B-** Yophukile ifestile | **V.B-** Ncedani | **V.B-** Uphi uZinzi? |
| **Phonics** | g | p r | s t | z q | k g | r y | d m | f p | w x | v y |
| **Handwriting** | g | p r | s t | z q | k g | r y | d m | f p | w x | v y |
| **Writing** | Umhobe (Ujingi) | Isishwankathelo: uluhlu lwezinto | Umzobo kunye nezivakalisi | Ikhadi lokunqwenelela | Umzobo kunye nezivakalisi | Ukwenza Ipowusta | Uluhlu lwzinto emawuzenze | Udlelwano ndlebe | Isishwankathelo sebali | Umzobo kunye nezivakalisi |
| **Group Guided Reading** | **V.B** - Jika | **V.B-** Umnikelo | **V.B-** Utata usele nosana | **V.B-** Sebeza | **V.B-** Lelikabani elivili | **V.B-** Ekhaya | **V.B-** Uhambo | **V.B-** Yophukile ifestile | **V.B-** Ncedani | **V.B-** Uphi uZinzi? |

# Timetable

| Time | MON | TUES | WED | THURS | FRI |
|---|---|---|---|---|---|
| 08:00-09:30 | MATHS BLOCK (90min) | | | | |
| 9:30-9:50 | Listening & Speaking; Read Aloud (Life Skills: Beginning 60 min) | | | | |
| 9:50-10:10 | Feeding | | | | |
| 10:10-10:25 | First Break | | | | |
| 10:25-11:10 | Shared (1) (15 min) | Shared (2) (15 min) | Shared (3) (15 min) | Phonics (15 min) | Phonics (15 min) |
| | Phonics (15 min) | Phonics (15 min) | Phonics (15 min) | Handwriting (15 min) | Handwriting (15 min) |
| | Handwriting (15 min) | Handwriting (15 min) | Writing (15min) | Writing (15min) | Writing (15min) |
| 11:10-12:05 | EFAL - Listening & speaking (60), Reading & phonics (60), Writing (60), Language use (30) | | | | |
| 12:05-12:20 | Second Break | | | | |
| 12:20-12:50 | GGR X 2 groups a day; Paired Reading; Independent Reading (30 min) | | | | |
| 12:50-13:30 | Creative Arts (x2) / PE (x3) | | | | |
| | HL & LS | EFAL | MATHS | ASSESSMENT | |

## Home Language: Programme of Assessment: Grade 1 : Term 2

| Component | What skills will be assessed | Form of Assessment | Assessment Tool | Score | Date to be completed | Date completed |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Listening and Speaking: | ▪ Participates in class discussions and listens without interrupting taking turns to speak (integrate with Life Skills)<br>▪ Talks about personal experiences such as tells news, describes weather news, other topical events<br>▪ Listens to stories with interest, identifies the main idea and draws a picture to show understanding and responds to questions<br>▪ Responds to instructions and makes simple requests. | Observation Oral and practical | Checklist | 5 | By Week 9 | |
| | ▪ Describes objects using correct vocabulary in terms of age (old/new; young/old), direction, size , distance etc and (integrate with Mathematics)<br>▪ Responds to questions | | Rubric | 5 | | |

**Teacher notes**

*These Listening and Speaking skills will be observed and assessed during your daily oral lesson activities in all subjects. They are integrated and feature in Mathematics and Life Skills too. Each skill is not meant to be an assessment activity but rather you should ensure that your learners are afforded opportunities in all subjects to demonstrate these skills orally and practically in daily lessons. By Week 9 you should be able to complete the checklist and score each learner according to the rubric. For SASAMS you should have 1 score for Listening and Speaking.*

| Component | What skills will be assessed | Form of Assessment | Assessment Tool | Score | Date to be completed | Date completed |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Phonics: Written | SEE: HL IsiXhosa CAPS document | Written | Worksheet/ Class workbook | 10 | By Week 8 | |
| Phonics: Oral | ▪ Identifies letter sound relationships of most single letters: ***Letter Sound Chart***<br>▪ Builds up and breaks down simple words using sounds learnt – Consonant and vowel blends<br>▪ Groups common words into sound families | Oral | Checklist | n/a | By Week 9 | |

**Teacher notes**

*Phonics written activity should be no longer than 10-15 minutes and it should be done in small groups so that the activities can be mediated with all learners accordingly. For SASAMS you should have 1 score for phonics*

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Oral Reading & Comprehension | **Group Guided Reading Sessions**<br>**Word Recognition:** Assess each learner individually on at least **30-40 sight words** (Big Book, Theme, Reader) | Observation & Oral | Rubric | 5 | Week 7 & 8 | |
| | Assess each learner on **oral reading** choose a text (DBE Workbook, Reader) which has at least **30-40 words** and ask questions about the text. | | | 5 | | |
| | ▪ Reads phonic words in sentences and other texts<br>▪ Uses pictures to predict what the story is about<br>▪ Listens to and discusses the stories, identifies the main idea and the main character in texts read aloud during **Shared Reading** lessons<br>▪ Listening **comprehension**: learners respond to 2-3 oral questions related to the shared reading stories/texts. | Observation & Oral | Checklist | n/a | Week 9 | |

Teacher notes

*During your Group Guided Reading sessions in weeks 7 to 8 you will assess each learner on*

- *at least 30-40 sight words (maximum of 1 - 2 minutes per learner); Use a familiar word list on an A 4 laminated poster*
- *an oral reading text with at least 30-40 words(word recognition, fluency, comprehension e.g. 2 - 3 oral questions) and time allocation should be a maximum of 2 - 3 minutes per learner*

*The attached checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric. For SASAMS you should have scores for the 2 Oral Reading components (word recognition and oral reading)*

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Handwriting: | ▪ Forms at least 20 lower case letters correctly according to size and position<br>▪ Writes two and three letter words with correct spacing | Observation & Written | Class workbook/ Rubric & Checklist | 5 | By Week 9 | |
| | ▪ Copies and writes short simple sentences. | | | n/a | By Week 9 | |

**Teacher notes**

*Each skill should not be assessed as an independent activity but rather the learner's written recording in their class work books in all subjects should be observed and assessed accordingly. By Week 9, you should be able to score your learners accordingly on letter formation, transcription of at least 2-3 short words and at least 1 short sentence. The attached checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric .For SASAMS you should have 1 score for handwriting.*

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Writing: | ▪ Writes at least 1-2 sentences of own news or on a topic (Theme/Story etc.) using capital letters and full stops. | Written | Class workbook/ Rubric | 5 | By Week 9 | |

**Teacher notes**

*By Week 9 the learner should be able to translate oral sentences into a written format with support. The attached checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric For SASAMS you should have 1 score for writing.*

| | |
|---|---|
| **TOTAL SCORE** | **40** |
| Scores will be captured on SASAMS. The score will be converted to a percentage to indicate level 1-7 for the report card. | |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; **uLizo uluma iapile** iphepha lama-66-67
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngalomxholo ukuphuhlisa intetho nabafundi.Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso:**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 66 .
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso nixoxe ngawo.
- Isigama. Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Jika;** oonotsheluza besigama: **ujikeleza, utyhiliza, ukoyika, qabela, unesiyezi, uyajika-jika**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso nokuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
  - Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kuphi apha? Kutheni usitsho?
  - Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)
- **Ukuxoxa ngemifanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (Iphepha lesi- 4) Inokuba icinga ntoni le ntombazana?
  - Ingaba ukhona apha kuni okhe adlale kwizixhobo zokudlala ezifana nezi zilapha kule mifanekiso? Edlala phi?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngomdla, ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Emva kokufunda amaphepha amabini okanye amathathu, buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda ze abafundi baqikelele okuza kwenzeka kumaphepha alandelayo.
  - (Iphepha lesi- 8) UJonah uqala ukoyika. Yintoni aza kubanayo elandelayo? Kutheni usitsho?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza imibuzo:
  - Ucinga ukuba linomdla eli bali? Kutheni usitsho?
  - Ucinga okokuba uRina noKagiso benza into elungileyo ebalini? Kutheni ucinga njalo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**j**/; namagama esandi u- **/j/: ijeli, jula, joja, jama, jika, jolisa, ijoni**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **USipho ujula ibhola ejamile.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**j**/ emagameni.


**IMISEBENZI**
- Ukumamela izandi egameni: Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. USipho ujula ibhola ejamile.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- USipho = u/**Si**/pho, ujula = u/**ju**/la, ibhola = i/bho/la, ejamile = e/ja/mi/le
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwesandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- ujula = u/**j**/u/**l**/a, jama = j/a/m/a, jika = j/i/k/a

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-2




1. **Umcwe wephepha onesivakalisi**
   - Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**j**/.
     - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/j/ kwisivakalisi.
2. **Ikhadi likanobumba u-/j/**
   - Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**j**/.
   - Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**j**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.
3. **Amagama ezandi**
   - Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**j**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala la magama: ijeli, jula, joja, jama, jika, jolisa, ijoni.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**j**/ kunye namagama anesandi u-/**j**/.

**IMISEBENZI**

1. **Qhelanisa**
   - Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**j**/ emoyeni, ufulathele.
   - Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**j**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.
2. **Iincwadi zabafundi**
   - Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**j**/ beziqhelanisa.
   - Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; **uJabu ujikile** iphepha lama-70
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngalomxholo ukuphuhlisa intetho nabafundi.Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso:**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 70.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso nixoxe ngawo.
- Isigama. Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Jika**; imicwe yezi zivakalisi:
  - 'Mayime! Misa! Ndifuna ukwehla!'uyakhwaza uJonah.
  - 'Misa! Misa! Ndifuna ukwehla!'uyakhwaza kakhulu uJin.
  - 'Misa! Misa! Ndifuna ukwehla!'uyakhwaza ecenga uGugu.
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo ekumgangatho ophezulu yokuvavanya ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo.
- Isigama: Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo baze bawasebenzise kwizivakalisi bebonakalisa ulwazi lwentsingiselo yawo.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Beka umcwe onesivakalisi ngasinye kwiphepha elifanelekileyo apha ebalini ze ucele abafundi bafunde kumcwe onesivakalisi xa kufika ithuba lokwenjenjalo.
- Buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda:
  - (Iphepha le– 9) Kutheni uRina enyathela ngolunye unyawo phantsi?
  - (Iphepha le– 10) Inokuba baziva njani aba bantwana bakulomfanekiso?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**j**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 70 kunye nephepha lama- 71
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba abafundi banazo bonke iincwadi ze-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**j**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-70 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-70 nakwiphepha lama-71.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-3



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-72 nephepha lama-73
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE. n
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**j**/.


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-72 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha lama-72 nephepha lama- 73.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
  - Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo.
- Thatha iqela lakho labantwana abafuna uncedo olwangezelelweyo ze usebenze nabo kulo msebenzi. (unako ukusebenzisa amakhadi oonobumba ukuncedisana nokuqonda).




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; **Galela amanzi** esityeni iphepha lama-78
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Galela amanzi esityeni**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 78.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso nixoxe ngawo.
- Isigama. Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Jika**
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela, ncamathelisa amagama afundiweyo naphina eludongeni elingaphambili egumbini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa namagama afundiweyo nokushwankathela ibali bebonakalisa ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo kule veki kweli bali ze umfundi olifumeneyo igama azame ukulifunda.
- Bancedise xa kukho imfuneko, mabalophule ngokwamalungu igama ze baphinde balifunde ngotyibiliko.

**2. Ukubalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko**
- Xelela abafundi ukuba uza kubanika ithuba lokubalisa ibali ngokulandelelana kwezinto ezenzekileyo.
- Nika abafundi ithuba bathethe ngababini bexelelana ukuba:
  - Liqhubeka phi eli bali?
  - Ngobani abalinganiswa?
  - Ngubani oqale wakhwela kujikeleza, kwaza bani?
  - Ibiyintoni ingxaki?
  - Bancedakele njani?
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba lokuthetha, omnye komnye.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali nixoxe nabafundi ngabakuthethileyo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**g/;** namagama anesandi u- /**g/: igadi, ugogo, igama, igaba, galela, igogogo, ukugula, ihagu, igolode**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Ugogo usebenzisa igaba egadini.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**g/** emagameni.

**IMISEBENZI**
- Ukumamela izandi egameni: Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. Ugogo usebenzisa igaba egadini.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwesandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**g/**.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/g/ kwisivakalisi.

g

igama

igaba

ukugula

**2. Ikhadi likanobumba u-/g/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini nize nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**g**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**g**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**3. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |

**Ujingi wam**

Ndinyuka ndisehla
Umnandi ujingi wam
Phezulu ezantsi
Umnandi ujingi wam
Umoya umhlaba
Umnandi ujingi wam

## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umhobe: **Ujingi Wam;** iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungisa itshati yesakhelo sokubhala ze ubhale umhobe: uJingi Wam kwitshati ngombhalo omkhulu obonakalayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni umhobe.

**IMISEBENZI**

- Chazela abafundi ukuba uza kubafundisa umhobe: **Ujingi Wam**
- Funda umhobe ngomdla.
- Xelela abafundi ukuba bangenelele, beqaphela imigca ephinda-phindeneyo.
- Khokela abafundi bakhuphele umbongo ze bafakelele esi sivakalisi siphinda- phindayo. Sibhale kuqala ze baqhubekeke.
- Hamba- hamba ujonge abakubhalayo, ubanceda.

**Ujingi wam**

Ndinyuka ndisehla

________________

Phezulu ezantsi

________________

Umoya umhlaba

________________




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-78
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi ze-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso:** Galela amanzi esityeni
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 78.
- Chazela abafundi ukuba niza kuthetha ngezinto abazenzileyo phambi kokuba baze esikolweni.
- Nika abafundi ithuba lokucinga ze baxelele umntu osecaleni kwabo.
- Khetha abafundi abambalwa baxelele bonke abafundi.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela itshati enomhobe ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi bakhuphe iincwadi zabo zokubhala ze bavule imihobe yabo.
- Qinisekisa ukuba bagqibile ukubhala umhobe.
- Fundani umhobe ngamaqela uqinisekise ukuba umfundi ngamnye ufunda encwadini yakhe.
- Qinisekisa ukuba bawubhale ngendlela eyiyo umhobe.










## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**g**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 78 kunye nephepha lama-79
- **Amalugiselelo :** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi ze-DBE
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**g**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-78 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-78 ukuya kwiphepha lama-79.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-5





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 80 kunye nephepha lama-81
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yakhe ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**g/** kunye namagama anesandi u-/**g/**.

**IMISEBENZI**

**1. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-80 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-80 ukuya kwiphepha lama-81.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |


***Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda***
***Utitshala ancede apho kufuneka khona***

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.




**Isigama seveki**

ivili
inja
ulingisa
iqokobhe
elungqukuva
aqhele
qhubeka
yokugqibela
gqithisela
dideka
zola
ihlebo
isipho
igumbi





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Izithuthi;** oonotsheluza besigama: **imoto, ibhayisekili, ibhasi, isithuthuthu, itekisi, inqwelo moya**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesihloko uze wenze oonotsheluza bamagama esiXhosa akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Izithuthi**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda isihloko uze uthethe ngaso. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi.
  - Zinceda entweni izithuthi?
  - Zeziphi izithuthi enizisebenzisayo nina? Nisiya phi?
- Thetha ngesithuthi ngasinye.
- Isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Umnikelo;** oonotsheluza besigama: **iziqhamo, ivatala, qokelela, umnikelo, iinkedama, ipopo, ipere**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso; ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Iqweqwe: Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
- Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni? Kutheni usitsho?
- Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)
- Ukuxoxa ngemifanekiso: Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
- (iphepha lama-20) Chazela abafundi bafunde umbhalo osedongeni kunye nakwi nqwelana yokuthutha ze nixoxe.
- Ingaba le nqwelana yokuthutha yenza ntoni apha?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngomdla, ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Emva kokufunda amaphepha amabini okanye amathathu, buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda ze abafundi baqikelele okuza kwenzeka kumaphepha alandelayo:
  - Yintoni ubuntu?
  - (iphepha le-17) Ingaba abahlali bale ndawo banobuntu? Kutheni usitsho?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza imibuzo:
  - Ucinga ukuba linomdla eli bali? Kutheni usitsho?
  - Ngubani apha kuni owakhe wafumana isipho? Sasiyintoni? Waziva njani xa wawufumana esi sipho?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**p/;** namagama esandi u- **/p/: ipapa, ipopo, ipali, isipili, ipani, ipesika, i-apile**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Umama uphethe ipere, ipopo kunye nepere.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**p/** emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. **Umama uphethe ipere, ipopo kunye nepesika.**

# Iveki yesi-2: Usuku loku-1

- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu
- Umama = u/**ma**/ma, uphethe = u/**phe**/the, ipere = i/pe/re, ipopo = i/po/po, kunye = ku/ nye, nepesika = ne/pe/si/ka
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- Umama = u/**m**/a/**m**/a, ipere = i/p/e/r/e, ipopo = i/p/o/p/o

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**p**/.
- Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/**p**/ kwisivakalisi.


**3. Ikhadi likanobumba u-/p/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**p**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**p**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**p**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala lamagama: **ipapa, ipopo, ipali.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**p**/ kunye namagama anesandi u-/**p**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**p**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**p**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**p**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: Izithuthi; oonotsheluza besigama: **imoto, ibhayisekili, ibhasi, isithuthuthu, itekisi, inqwelo moya**
- **Amalungiselelo:** Beka oonotsheluza bamagama ecaleni kwepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

- Zikhumbuze ngesigama esitsha
- Ncamathisela ipowusta ebhodini nikhumbuzane ngezinto ebenizithethile izolo.
- Yalela abafundi bajonge amagama asecaleni bazame ukuwafunda ze bawancamathelise ecaleni komfanekiso ofanelekileyo kwipowusta.
- Xoxani ngendawo ezahlukileyo ezihamba kuzo izithuthi ezikule powusta







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi enkulu ka-**Vula Bula: Umnikelo**; imicwe yezizivakalisi:
  - Khawutsho uyawathanda wena ama-apile?
  - Khawutsho uyawathanda wena amapere?
  - Khawutsho uyazithanda wena iipopo?
  - Khawutsho uyazithanda wena iipesika?
  - Khawutsho uyayithanda wena ivatala?
  - Khawutsho uyayithanda wena ipayinapile?
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo ekumgangatho ophezulu yokuvavanya ukuqonda.


**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Khumbuza:** Thetha ngenikufunde izolo.
- **Isigama:** Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo baze bawasebenzise kwizivakalisi bebonakalisa ulwazi lwentsingiselo yawo.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Beka umcwe onesivakalisi ngasinye kwiphepha elifanelekileyo apha ebalini ze ucele abafundi bafunde kumcwe onesivakalisi xa kufika ithuba lokwenjenjalo.
- Buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda:
  - Yayiziziqhamo zikabani ezi?
  - Ingaba bazithutha ngantoni ezi ziqhamo?
  - (iphepha lama–20) Jonga lo mfanekiso. Ucinga ukuba bayazifumana ezinye izipho ezingezizo iziqhamo? Kutheni usitsho?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**p**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le-122 kunye nephepha le-123
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**p**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**3. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**4. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-122 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-122 nakwiphepha le-123.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-124 nephepha le- 125
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**p/.**


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-124 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha le-124 nephepha le- 125.
- Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo.
- Thatha iqela lakho labantwana abafuna uncedo olongezelelweyo ze usebenze nabo kulo msebenzi. (unako ukusebenzisa amakhadi oonobumba ukuncedisana nokuqonda)




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-122; oonotsheluza bamagama: **iimbiza, isinki, isepha, amanzi**
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso:** UJabu upula iimbiza.
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-122.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso.
  - Ingaba wena uyazihlamba izitya ekhaya?
  - Inokuba itya ntoni le nja apha phantsi? Kuvelaphi?
  - Ingaba kutheni lo mntwana ebakroba nje abanye?
- Isigama: Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Umnikelo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela uze uncamathisele amagama afundiweyo naphina eludongeni elingaphambili kwegumbi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa namagama afundiweyo nokushwankathela ibali bebonakalisa ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo kule veki kweli bali ze umfundi olifumeneyo igama azame ukulifunda.
- Bancedise xa kukho imfuneko. Mabalophule ngokwamalungu igama ze baphinde balifunde ngotyibiliko.

**2. Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba niza kushwankathela ibali.
- Babonise isakhelo sokushwankathela ze usicacise.
- Khokela abafundi bafakele ngokulandelanayo iziqhamo eziqokelelweyo.

| Amagama eziqhamo | Ukulandelelana koqokelela |
|---|---|
| | 1 |
| | 2 |
| | 3 |
| ipesika | 4 |
| | 5 |
| | 6 |




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**r**/; amagama anesandi u- /**r**/: **ilori, isikere, irayisi, ipere, igaraji, irediyo**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Utata ubone ilori egaraji.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**r**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. Utata ubone ilori egaraji.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**r**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/r/ kwisivakalisi.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-3




**3. Ikhadi likanobumba u-/r/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**r**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**r**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: Izithuthi; iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuhleleni izinto.

**IMISEBENZI**
- Ncamathisela ipowusta ye-DBE ebhodini ze ucacisele abafundi okuza kwenzeka.
- Abafundi mabajonge izithuthi ezikwi powusta ze bathathe inxaxheba ekubhaleni ngesithuthi ngasinye

| Isithuthi | Inani lamavili | Sihamba phi esi sithuthi? |
|---|---|---|
| imoto | | |
| ibhayisekili | | |
| ibhasi | | |
| itekisi | | |
| inqwelo moya | | |
| uloliwe | | |
| inqanawa | | |





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-114
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Ndibhaka ikeyiki ngerama.**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 114
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso, unxulumanise namava abo.
  - Inokuba kwenzeka ntoni apha kulomfanekiso?
  - Ucinga ukuba unangaphi iminyaka lo mntwana unosuku lokuzalwa?
  - Ukuba ngaba unokubathiya amagama abantwana ungathi ngobani?
  - Ngubani umntu apha owakhe wabhiyozela imini yakhe yokuzalwa? Waziva njani?






## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**r**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, amaphepha e- 116 kunye nephepha le-117
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**r**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-114 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-114 ukuya kwiphepha le-117.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**r**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala lamagama: ilori, ipere, igaraji.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**r**/ kunye namagama anesandi u-/**r**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**r**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**r**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo.
- Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**r**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-4




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela ipowusta yeDBE namagama afundwe izolo kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kuzoba ze babhale izivakalisi ezimbini ngabakuzobileyo.
- Ncamathisela ipowusta ye-DBE ebhodini, ze uchazele abafundi ukuba bajonge kwakhona iindidi zezithuthi ze bakhethe isithuthi abaza kusizoba babhale ngaso.
- Bachazele ukuba xa bebhala isivakalisi basebenzise amagama abawafundileyo akwi powusta.
- Hamba-hamba ubuze ngabakuzobayo nabafuna ukubhala ngomzobo.
- Qinisekisa ukuba basebenzisa iziphumlisi nezithuba ezilungileyo phakathi kwamagama.
- Nceda apho kudingeka uncedo khona.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.




**Isigama seveki**

imoto
ibhayisekili
ibhasi
isithuthuthu
itekisi
inqwelo-moya
iikedama
ipopo
ipere
iziqhamo
ivatala
iimbiza
isinki
isepha
amanzi
qokelela
umnikelo

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE: Usapho Lwam;** oonotsheluza besigama: **umama, utata, ubhuti, usisi, umncedi**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesihloko uze wenze oonotsheluza bamagama esiXhosa akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.


**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Izithuthi**

a. Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda isihloko uze uthethe ngaso. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi.
   i. Ingaba kwenzeka ntoni apha kwaye iphi le ndawo? (cinga ngokuvakalayo)
   ii. La malungu osapho enza ntoni? Ucinga ukuba baziva njani?
b. Isigama: Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
c. Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Umsebenzi wase khaya**

- Xelela abafundi babuze iintsapho zabo ngezinto abazenzayo.







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Utata** usele nosana; oonotsheluza besigama: **entlanganisweni, ukusala, eqinisekile, ukukonwabisa, egumbini, luyakhwina**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Iqweqwe: Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
  - Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni? Kutheni usitsho?
  - Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)
  - Ukuxoxa ngemifanekiso: Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (Iphepha lama-27) Qhaphela inkangeleko yobuso bosana. Inokuba uziva njani?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.


**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngomdla, ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Emva kokufunda amaphepha amabini okanye amathathu, buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda ze abafundi baqikelele okuza kwenzeka kumaphepha alandelayo.
  i. (Iphepha lama-26) Yintoni eyenziwa ngutata ukuzama ukuthulisa usana? Ingaba isebenzile?
  ii. (iphepha lama-29) Ingaba utata uyayithanda le nto iqhubekayo? Kutheni usitsho?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza imibuzo:

i. Uziva njani ngalento iqhubeka apha kweli bali? Ngoba kutheni?
ii. Ngubani apha kuni okhe ashiyeke notata wakhe? Uziva njani?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**t**/; amagama anesandi u- /**t**/: **iti, itoti, utata, utolo, itapile, itumato, isitulo, isitiya, iketile**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: Utata ugalela iti eshushu ekomityini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**t**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni: C**hazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. **Utata ugalela iti eshushu ekomityini.**

- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.

- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- utata = u/**t**/a/**t**/a  iti = i/t/i  ugalela = u/g/a/l/e/l/a

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**t**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/t/ kwisivakalisi.


**3. Ikhadi likanobumba u-/t/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**t**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**t**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**t**/ kumgca ongezantsi. Kumgca olandelayo bhala la magama: **iti, utata, itoti, itapile.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**t**/ kunye namagama anesandi u-/**t**/.


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**t**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**t**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**t**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE: Usapho Lwam;** oonotsheluza besigama: **isihlobo, umakhulu, utatomkhulu**
- **Amalungiselelo:** Beka oonotsheluza besigama ecaleli kwepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Usapho Lwam**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Zikhumbuzeni ngamagama ebenifunde ngawo izolo kule powusta.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- Thetha ngepowusta. Cela abafundi badwelise imisibenzi abayenza neentsapho zabo, baze bacacise ukuba baziva njani xa besenza le misebenzi.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Utata usele nosana;** umcwe onesivakalisi:
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo ekumgangatho ophezulu yokuvavanya ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo.
- Isigama: Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo baze bawasebenzise kwizivakalisi bebonakalisa ulwazi lwentsingiselo yawo.

**2. Ukufunda**

- Ukwakha umfanekiso ngqodweni
- Chazela abafundi ukuze baliqonde ibali, kufuneka bazi ngokubanzi ngabalinganiswa nezizathu zezenzo zabo. Kufuneka bakhe umfanekiso ngqondweni ngabo, izenzo zabo kunye neziganeko eziqhubekayo ebalini.
  - Nika umzekelo, ze ubonakalise ngokuxelela abafundi umfanekiso owenzileyo.
  - Nika ithuba abafundi ngokubanika umzekelo ze bakuxelele ukuba:
- Ukhangeleka njani lo mfanekiso ngqondweni banawo?
- Baziva njani xa becinga ngalo mntu okanye into?
- Ingaba ikhona enye into abayaziyo ngalo mntu okanye le nto?
- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Beka umcwe onesivakalisi ngamnye kwiphepha elifanelekileyo apha ebalini ze ucele abafundi bafunde kumcwe onesivakalisi xa kufika ithuba lokwenjenjalo.

**3. Emva kokufunda**

- Umfanekiso ngqondweni: Chazela abafundi benze umfanekiso ngqondweni katata:
  - Bangaziva njani ukuba bebe kule meko
  - Yintoni enye into abanoyenza ukuba bebe ngulo tata?
  - Ingaba ungaphinda ushiyeke nosana? Kutheni usitsho?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**t**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 86 kunye nephepha lama-87
- **Amalungiselelo :** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banazo iincwadi ze DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**t**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-3




**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-86 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-86 nakwiphepha lama-87.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.







## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-88 nephepha lama- 89
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**t**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-88 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha lama-88 nephepha lama- 89.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo.
- Thatha iqela lakho labantwana abafuna uncedo olongezelelweyo ze usebenze nabo kulo msebenzi. (unako ukusebenzisa amakhadi oonobumba ukuncedisana nokuqonda)




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Iqokobhe Elilahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa. Ukuthetha ngeempendulo zobuqu kwibali. Ukufunda isigama esitsha. Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
- Ucinga ukuba liza kubangantoni eli bali? (ukuqikelela)

**2. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ubonakalisa ukufunda ngokutyibilika.
- Bonisa imifanekiso uze ubuze imibuzo ukujonga ukuqonda ngaphandle kokuphazamisa ukufunda kakhulu.
- Buza imibuzo yokuqikelela okuza kulandela phambi kokuqhubekeka nokufunda.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo ukuvavanya ukuqonda.
- Ucinga ukuba uTutu ebelufudo lolwandle olonwabileyo? Kutheni?
- Wakhe walahlekelwa yinto? Waziva njani?
- Chazela abafundi ukuba niza kuphela apho namhlanje.





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Utata usele nosana,** ipowusta yezigaba zebali
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela, ncamathelisa amagama afundiweyo naphina eludongeni elingaphambili kwegumbi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa namagama afundiweyo nokushwankathela ibali bebonakalisa ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo kule veki kweli bali ze umfundi olifumeneyo igama azame ukulifunda.
- Bancedise xa kukho imfuneko, mabalophule ngokwamalungu igama ze baphinde balifunde ngotyibiliko.

**2. Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba niza kushwankathela ibali.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali, nixoxe, nishwankathela ibali.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**s/;** amagama anesandi u- **/s/: sela, sula, sika, isele, isisu, usisi, isiselo, isikolo**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Usisi usela amanzi.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**s/** emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. Usisi usela amanzi.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwesandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**s**/.
    - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/s/ kwisivakalisi.




**3. Ikhadi likanobumba u-/s/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**s**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**s**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-**DBE: Usapho Lwam;** iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungisa iincwadi zabafundi zokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuhleleni izinto.

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela ipowusta ye-DBE ebhodini ze ucacisele abafundi okuza kwenzeka.
- Chazela abafundi ukuba umfundi ngamnye uza kuzoba usapho lwakhe.
- Umfundi ngamnye uza kubhala igama lelungu losapho ngalinye phantsi komzobo.
- Mababhale isivakalisi esinye ngeli lungu.
- Hamba-hamba uze ubabuze ngemizobo yabo uncede apho kufuneka khona.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Iqokobhe Elilahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa. Ukuthetha ngeempendulo zobuqu kwibali. Ukufunda isigama esitsha. Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Buza imibuzo ngabakukhumbulayo ngeli bali beniqale ukulifunda izolo.
  - Ngobani abalinganiswa esele sifunde ngabo apha kweli bali?
  - Liqhubeka phi eli ibali?
  - Yintoni ingxaki esele sifunde ngayo apha? Uziva njani uTutu?
  - Inokuba kuza kwenzeka ntoni ngoku? (ukuqikelela)

**2. Ukufunda**
- Funda ibali lonke ubonakalisa ukufunda ngokutyibilika.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo:
  - Cinga! Yintoni ekunika umdla kweli bali? Kutheni?
  - Masithathe ithuba sicinge ze sishwankathele ibali.
- Qinesekisa ukuba bonke abafundi bayalazi kwaye balonwabele ibali, ukulungiselela ukulidlala kusuku olulandelayo.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**s**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 98 kunye nephepha lama-99
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**s**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-98 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-98 ukuya kwiphepha lama-99.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo. 98




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**s**/ kumgca ongezantsi. Kumgca olandelayo bhala lamagama: usisi, isikolo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**s**/ kunye namagama anesandi u-/**s**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**s**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**s**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.


**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**s**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Lungisa iincwadi yakho enerubrikhi yokuvavanya ukuthetha.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi bakhuphe iincwadi zabo, ze bagqibezele.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumene ithuba lokugqiba umsebenzi wabo.
- Biza umfundi ngamnye athethe ngomfanekiso.
- Sebenzisa irubrikhi ukunika abafundi amanqaku.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**


**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**
imoto
ibhayisekili
ibhasi
isithuthuthu
itekisi
inqwelo-moya
iikedama
ipopo
ipere
iziqhamo
ivatala
iimbiza
isinki
isepha
amanzi
qokelela
umnikelo

# Iveki yesi-4: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-98; oonotsheluza besigama: **ivili, inja, ulungisa**
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**3. Umfanekiso: USipho ulungise ivili.**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 98.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso.
  - Ngubani owakhe walungisa into? Yintoni leyo?
  - Inokuba ngubani lo ubukele uSipho?

**4. Isigama.** Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Sebeza;** oonotsheluza besigama: **Baqhele, qhubeka, yokugqibela, gqithisela, dideka, zola, ihlebo**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso; ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Iqweqwe: Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
  - Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni? Kutheni usitsho?
  - Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)
  - Ukuxoxa ngemifanekiso: Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama-34) Inokuba yintoni abahleba ngayo aba bantwana?
  - (Iphepha lama-38) Inokuba lixesha lesiphi isifunda? Kutheni usitsho?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngomdla, ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Emva kokufunda amaphepha amabini okanye amathathu, buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda ze abafundi baqikelele okuza kwenzeka kumaphepha alandelayo.
  - iphepha lama-35) Ucinga aba bantwana bayammamela utitshalakazi wabo? Kutheini usitsho?
  - (iphepha lama-38) Ucinga ukuba uzoba ntoni lomfana?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza imibuzo:
- Uziva njani ngalento iqhubeka apha kwelibali? Ngoba kutheni?





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**z**/; amagama anesandi u- **/z/: izolo, uzulu, zoba, iziko, zamla, zamisa, zalisa, buza**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: UZoleka uzamisa ipapa eziko.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**z**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. UZoleka uzamisa ipapa eziko.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde balibize kakuhle ngokudibeneyo.





**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**z**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/z/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/z/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**z**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**z**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**z**/ kumgca ongezantsi. Kumgca olandelayo bhala la magama: izolo, eziko, uzamisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**z**/ kunye namagama anesandi u-/**z**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**z**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**z**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**z**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-98; oonotsheluza besigama: **ivili, inja, ulungisa**
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: USipho ulungise ivili.**

- Khumbuza abafundi ngabakufundileyo kwiphepha lama-98.
- Bachazele ukuba niza kwenza umdlalo.
- Hlala nabafundi phantsi nenze isangqa.
- Bachazele imithetho
  - Kuza kuqala komnye acinge isivakalisi ze asebezele osecaleni kwakhe
  - Kufuneka ke yena osetyezelweyo asebezele osecaleni kwakhe le nto ayisetyezelweyo
  - Njalo-njalo de ibuyele kuwe titshalakazi.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Sebeza**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo ekumgangatho ophezulu yokuvavanya ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo.
- Isigama: Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo baze bawasebenzise kwizivakalisi bebonakalisa ulwazi lwentsingiselo yawo.


**2. Ukufunda**

- Ukujonga ukuqonda
- Chazela abafundi ukuze baliqonde ibali, kufuneka besoloko bejonga ukuba bayalilandela na ibali xa belifunda, Xa benendawo abangayiqondiyo, baze babuyele emva bafunde kwakhona lo ndawo, bezama ukuyifunda ngotyibiliko.
- Funda ibali ubonakalisa ukungaqondi, ze uphinde uyifunde kwakhona uyifunda ngotyibiliko.
- Xelela abafundi ukuba kule veki baza kuziqhelanisa nokujonga ukuqonda.

**3. Emva kokufunda**

- (Iphepha lama-35) Inokuba yintoni le bayisebezayo aba bantwana?
- Ingaba utitshalakazi usivuyele esi sipho? Kutheni usitsho?
- Ngubani apha kuni owakhe wafumana isipho engacingelanga?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**z**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 102 kunye nephepha le-103
- **Amalungiselelo :**Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi ye DBE
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**z**/ emagameni nakwizivakalisi.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-102 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-102 nakwiphepha le-103.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-104 nephepha le- 105
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**z**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-104 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha le-104 nephepha le- 105.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo.
- Thatha iqela lakho labantwana abafuna uncedo olongezelelweyo ze usebenze nabo kulo msebenzi. (unako ukusebenzisa amakhadi oonobumba ukuncedisana nokuqonda)




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-106
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Babukele iqela lesoka**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-106.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso.
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha?
  - Baziva njani aba bantu balapha kulo mfanekiso?
- Chazela abafundi bacinge ngamava abo okubukela imidlalo.
- Banike ithuba lokucinga ze baxelele umntu ohleli ecaleni kwabo.
  - Babeyibukela phi le midlalo?
  - Ingaba babeyonwabele? Yintoni eyenza ukuba boyonwabele?








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Sebeza;** ipowusta yezigaba zebali
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela, ncamathelisa amagama afundiweyo naphina eludongeni elingaphambili egumbini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa namagama afundiweyo nokushwankathela ibali bebonakalisa ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo kule veki kweli bali ze umfundi olifumeneyo igama azame ukulifunda.
- Bancedise xa kukho imfuneko, mabalophule ngokwamalungu igama ze baphinde balifunde ngotyibiliko.

**2. Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba niza kushwankathela ibali.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali, nixoxe, nishwankathela ibali.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**q/;** namagama esandi u- **/q/: qala, qinile, iqaqa, iqaba, iqela, uqobo, iqunube, iqabane, iqabaka**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: Iqela lam liyaqala ukudlala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**q/** emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. Iqela lam liyaqala ukudlala.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.




**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**q**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/q/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/q/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**q**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**q**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |






## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: Sebeza; iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba abafundi banazo iincwadi zokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni baze babhala amava abo.

**IMISEBENZI**
- Khumbuza abafundi ngebali abalifundileyo uSebeza.
- Chazela abafundi ukuba umntu ngamnye uza kuzoba yena nomhlobo wakhe, esebezela umhlobo wakhe.
- Baze babhale lento bayisebezela abahlobo babo
- Hamba-hamba uze ubabuze ngemizobo yabo uncede apho kufuneka khona.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-4






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **UQwarha rhalayo;** oonotsheluza besigama: **ngononophelo, khalipha, emenyezelayo, isithokothoko, ukudikizela**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.

**IMISEBENZI**

1. **Ukufundelwa ngutitshala:**
   - Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.
2. **Phambi kokufunda**
   - Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo:
     - Nicinga ukuba eli bali lingantoni? (ukuqikelela)
     - Niziva njani xa umntu esithi, "Uyarhala"?
     - Kutheni niziva njalo?
   - **Isigama:** Qalisa ukufundisa amagama amatsha ngokusebenzisa oonotsheluza.
     - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
     - Ncamathisela oonotsheluza kwiposta uze ubasebenzise iveki yonke.
   - **Ukufunda**
     - Funda isiqingatha sokuqala sebali ngembonakalo enomdla.
     - Bonisa eminye imifanekiso (hayi yonke) uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.
   - **Emva kokufunda**
     - Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
     - Ebalini kuthiwa ikhona into ebezingenayo izilwanyana kudala. Ibiyintoni leyo?








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**q**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 106 kunye nephepha le-107
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unayo incwadi ye DBE
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**q**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

1. **Khumbuza**
   - Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
   - Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
   - Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.
2. **Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
   - Cela abafundi batyhile kwiphepha le-106 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
   - Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-106 ukuya kwiphepha le-107.
   - Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**q**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala la magama: qala, iqinile, iqaqa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**q**/ kunye namagama anesandi u-/**q**/.

**IMISEBENZI**

1. **Qhelanisa**
   - Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**q**/ emoyeni, ufulathele.
   - Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**q**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.
2. **Iincwadi zabafundi**
   - Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**q**/ beziqhelanisa. Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Amaphepha okwenza amakhadi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukusebenzisa abakufunayo ukwenza ikhadi lokunqwenelela.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kwenza amakhadi okunqwenelela.
- Nika abafundi ithuba lokucinga:
  - Ngomntu abonokumenzela ikhadi.
  - Yintoni le bamnqwenela kakuhle kuyo?
  - Yintoni abacinga ukuyizoba ngaphandle kwelikhadi?
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumene ithuba lokucinga.
- Khokela abafudi ubabuze ukuba ngubani lo bafuna ukumnqwenelela, bemnqwenelelela ntoni?
- Banike owakho umzekelo
- Xa beqala ukusebenza, hamba-hamba phakathi kwabo ubancokolisa ngabakwenzayo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **UQwarha rhalayo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nebali lakho uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba nokuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**


**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo.
  - Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- Isigama: Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda**
- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda efana nale:
  - Ingaba eli bali liyinyani? Kutheni usitho?
- Shwankathela ibali, ubhekisa kumalungu ebali (abalinganiswa, isakhiwo sebali, ungquzulwano nesisombululo)




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- **Ubizelo:** amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi obhaliweyo; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela umbhalo wakho wayizolo kwisakhelo kwitshati yokubhala uze ulungise uhlolo kunye nommiselo wohlolo ukuze unike abafundi amanqaku.
- **Iinjongo zesifundo:** Zoba umfanekiso uze ubhale isihloko. Thetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi baza kuqhubekeka bathethe ngabakuzobileyo
- Qokelela umsebenzi uze usebenzise isimmiselo ukunika abafundi amanqaku njengohlolo .





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**
ivili
inja
ulungisa
iqokobhe
elungqukuva
aqhele
qhubeka
yokugqibela
gqithisela
dideka
zola
ihlebo
isipho
igumbi
esofelweyo

# Iveki yesi-5: Usuku loku-1





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-94
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

- Umfanekiso: Abantwana basepakini
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 94 uze ubakhumbuze okwayizolo. Thetha ngesihloko kunye nemifanekiso.
- Yindawo yokwenzani le?
- Ingaba ukhona apha kuni okhe aye epakini? Nenza ntoni epakini?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Lelikabani ivili**; oonotsheluza besigama: **dlul ikhohlozela, inqwelo, ithutyana, igquma, ithothoza, umnyonyovu, isitsala zithuthi, iteletele**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso; ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**
**Phambi kokufunda**
**Iqweqwe:** Thetha ngeqweqwe nomfanekiso; buza imibuzo:
Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni? Kutheni usitsho? Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (ukuqikelela)

**Ukuxoxa ngemifanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi!). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
(iphepha lesi-4) Ucinga ukuba ivili lele nqwelo yeedonki? Kutheni usitsho?
(Iphepha le-9) Ukuba ubungulo mntwana, ubunokumbuza umqhubi wesithuthuthu? Ngoba kutheni?
**Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza, izinto okanye imifanekiso. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
**Ukufunda**
Funda ibali ngomdla, ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
Emva kokufunda amaphepha amabini okanye amathathu, buza imibuzo yokuvavanya ukuqonda ze abafundi baqikelele okuzakwenzeka kumaphepha alandelayo.
(Iphepha lesi-5) Ucinga ukuba lifike njani eli vili kule ndawo likuyo? (iphepha le-9) Sazi njani ukuba uKabelo kudala elindile apha kule ndawo?
Emva kokufunda
Gqibezela ngokubuza imibuzo:
Uziva njani ngalento iqhubeka apha kweli bali? Ngoba kutheni? Yintoni into ekumangalisayo apha kweli bali?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-**/k/;** namagama esandi u- **/k/: iikasi, ikofu, sika, vuka, kuyana, iketile, ikawusi, isikolo, isikere**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: **Utata ugalela iti eshushu ekomityini.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**k**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi emagameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
**Utata ugalela iti eshushu ekomityini.**

- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**k**
i**k**ofu
si**k**a
vu**k**a

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**k**/.
    - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/k/ kwisivakalisi.


**3. Ikhadi likanobumba u-/k/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**k**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**k**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**k**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala amagama esandi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**k**/ kunye namagama anesandi u-/**k**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**k**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**k**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**k**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Usapho Lwam**; oonotsheluza besigama: **isihlobo, umakhulu, utatomkhulu**
- **Amalungiselelo:** Beka oonotsheluza bamagama ecaleli kwepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Usapho Lwam**
- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Zikhumbuzeni ngamagama ebenifunde ngawo izolo kule powusta.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- Thetha ngepowusta. Cela abafundi benze uluhlu lwemisebenzi abayenza neentsapho zabo, baze bacacise ukuba baziva njani xa besenza le misebenzi.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Lelikabani ivili;** oonotsheluza besigama: **dlula, ikhohlozela, inqwelo, ithutyana, igquma, ithothoza, umnyonyovu, isitsala zithuthi, iteletele**
- **Amalungiselelo:** Zifundele ibali kwangethuba uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngemifanekiso; ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala; ukuqikelela; ukunxulumanisa namava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo.
- Isigama: Cela abafundi bakunike amagama abawafunde izolo baze bawasebenzise kwizivakalisi bebonakalisa ulwazi lwentsingiselo yawo.

**2. Ukufunda**
- Ukuvuselela ulwazi lwangaphambili:
- Chazela abafundi ukuze baliqonde ibali, kufuneka uzibuze ukuba yintoni osele uyazi ngesi sihloko.
  - Nika umzekelo, ze ubonakalise ngokuxelela abafundi umzekelo wesihloko kunye nento sele uyazi.
  - Nika ithuba abafundi ngokuba nika umzekelo ze bakuxelele ukuba:
- Bacinge into sele beyazi ngesi sihloko.
- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
- Beka umcwe onesivakalisi ngasinye kwiphepha elifanelekileyo apha ebalini ze ucele abafundi bafunde kumcwe onesivakalisi xa kufika ithuba lokwenjenjalo.

**3. Emva kokufunda**
- Umfanekiso ngqondweni: Jonga ukuqonda:
  - Ingaba usazikhumbula zonke izithuthi uKabelo azibuzileyo malunga neli vili?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**k**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 94 kunye nephepha lama-95
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**k**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-94 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-94 nakwiphepha lama-95.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-96 nephepha lama- 97.
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Uqhelanise ukubhala unobumba u-/**k**/.


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-96 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze umsebenzi wabo okwiphepha lama-96 nephepha lama- 97.
  - Hamba-Hamba. Nceda abo badinga uncedo.
  - Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi benza umsebenzi wabo.
- Thatha iqela lakho labantwana abafuna uncedo olongezelelweyo ze usebenze nabo kulo msebenzi. (unako ukusebenzisa amakhadi oonobumba ukuncedisana nokuqonda)




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **UMbona noMbotyi;** oonotsheluza besigama: **isaziso, isivuno, ukugqwesa, imbewu, ikhula, bagqotsa, nkcenkceshela, isityalo, ushishino**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.


**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo
  - Nicinga ukuba eli bali lingantoni? (ukuqikelela)
- Isigama: Qala isigama esitsha. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngembonakalo enomdla.
- Bonisa eminye imifanekiso (hayi yonke) uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - Ngoobani abalinganiswa bebali?
  - Baxabana ngantoni?





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-**Vula Bula: Lelikabani eli vili,** ipowusta yezigaba zebali
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo sokushwankathela uze uncamathisele amagama afundiweyo naphina eludongeni olungaphambili egumbini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa namagama afundiweyo nokushwankathela ibali bebonakalisa ukuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Isigama**
- Cela abafundi bakhangele amagama owafundisileyo kule veki kweli bali ze umfundi olifumeneyo igama azame ukulifunda.
- Bancedise xa kukho imfuneko, mabalophule ngokwamalungu igama ze baphinde balifunde ngotyibiliko.

**2. Ukushwankathela**
- Xelela abafundi ukuba niza kushwankathela ibali.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali, nixoxe, nishwankathela ibali.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**g/;** namagama esandi u- **/g/: igadi, igam, igaba, ugogo, galela, igogogo, igolide, ihagu, ukugula**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**g/** emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**g/**.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba u-/g/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/g/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**g**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**g**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni


| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala: iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungisa isikhokelo sokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni isithuthi zebachaze ubunjani bamavili aso.

**IMISEBENZI**
- Ncamathisela itshati yokubhala, ze ucacise umsebenzi.
- Chazela abafundi ukuba baza kuzoba isithuthi abasithandayo bebonakalisa amavili aso.
- Mabajonge amavili ze babhale izivakalisi ezimbini ezichaza la mavili.
- Mabasebenzise amagama abawafundileyo.
- Hamba-hamba uze ubabuze ngemizobo yabo uncede apho kufuneka khona.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Umbona noMbotyi**; itshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** Ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho. Ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphendula imibuzo ngebali. Ukuphulaphula ibali elinika umdla ngenjongo yokonwaba.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundelwa ngutitshala**

- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.
  - Ngobani abalinganiswa esele sifunde ngabo apha kweli bali?
  - Liqhubeka phi eli ibali?
  - Yintoni ingxaki esele sifunde ngayo apha? Uziva njani uTutu?
  - Inokuba kuza kwenzeka ntoni ngoku? (ukuqikelela)

**2. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Thetha ngenikufunde izolo. Buza:
  - Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- Isigama: Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda:**

- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**

- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - Ngubani onike ingcinga yokuphekha isuphu?
  - Bagalele ntoni kwisuphu yabo?
  - Nicinga ukuba abantu bayithandile/ bayonwabele isuphu yabo?
  - Kutheni ucinga njalo?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**g**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 78 kunye nephepha lama-79
- **Amalungiselelo :** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe ye-DBE
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**g**/ emagameni nakwizivakalisi.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-78 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-78 ukuya kwiphepha lama-79.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**g**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala lamagama: igadi, ogogogo, galela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**g**/ kunye namagama anesandi u-/**g**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**g**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**g**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**g**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## kubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala; iikhrayoni; itshati yokubhala
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ububa abafundi bagqibile imizobo yabo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala izivakalisi. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi bakhuphe iincwadi zabo, ze bagqibezele.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumene ithuba lokugqiba umsebenzi wabo.
- Biza umfundi ngamnye athethe ngomfanekiso.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **UHLOLO:** Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota
- **Izixhobo:** Incwadi yebali: Umbona noMbotyi; itshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**


**1. Ukufundelwa ngutitshala**
- Abafundi mabalungiselele ukufundelwa ngutitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngenikufunde izolo.
- Buza: Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni? (ukuqikelela)
- Thetha ngesigama esitsha osifundise izolo.

**3. Ukufunda:**
- Gqibezela ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa imifanekiso.

**4. Emva kokufunda**
- Shwankathela ibali, ubhekisa kumalungu ebali (abalinganiswa, isakhiwo sebali, ungquzulwano nesisombululo).




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi obhaliweyo; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela umbhalo wakho wayizolo kwisakhelo kwitshati yokubhala uze ulungise uhlolo kunye nomiselo wohlolo ukuze unike abafundi amanqaku.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihloko. Ukuthetha ngabakuzobileyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi baza kuqhubekeka bathethe ngabakuzobileyo.
- Qokelela umsebenzi uze usebenzise isimmiselo ukunika abafundi amanqaku njengohlolo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**


**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**

dlula
ikhohlozela
inqwelo
ithutyana
igquma
ithothoza
umnyonyovu
tsala
izithuthi
iteletele
isaziso
isivuno
ukugqwesa
imbewu
ikhula
bagqotsa
nkcenkceshela
isityalo
ushishino




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi ye-DBE, amaphepha u-18 no-19.
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo engomfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukunxulumanisa amava abo kunye noku kuxoxwa kwigumbi lokufundela.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokwenza umsebenzi ze-DBE kwiphepha le-18.
- Bakhokele kumsebenzi wonke. Banike ixesha lokuwenza.
- Ukuphela kwexesha, kufuneka bathelekise umsebenzi wabo kunye nowalowo umfundi uhlala naye edesikeni bandule ukulungisa naziphi na iziphoso.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Zoba usike;** oonotsheluza besigama: **isakheko, mboxo, nxantathu, isangqa, isikere**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notisthala ngokuthi uqikelele; ukunxulumanisa kumava abo uze uphendule imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Iqweqwe: Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
  - Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali? (ukuqikelela)
- Ukubuka imifanekiso: Tyhila-tyhila amaphepha elibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (Iphepha lama- 25) Yeyiphi le milo ezotywa ngutitshala ebhodini?
  - (Iphepha lama-27) Zeziphi ezinye iimilo ozibonayo kweligumbi lokufundela?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela amakhadi oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - Zeziphi ezinye izinto onokuzisebenzisa ukuzoba isangqa?
  - Zeziphi izilwanyana ezenziwa ngabafundi?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Sesiphi isilwanyana ongathanda ukusenza?
  - Zeziphi iimilo onokuzisebenzisa ukwenza esakho isilwanyana?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula; ikhadi likanobumba u-/**s**/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi: **sela, suka, sula, isele**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: USalusiwe ususa isele. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa unobumba u-/**s/.** Ukusebenzisa unobumba u-/**s**/ kwisivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise isandi sikanobumba u-/**s**/.
- Xelela abafundi ukuba baza kukufunda ngonobumba u-/**s**/ - ukuba ubonakala njani, uvakala njani xa ebizwa, kwakunye namagama anesi sandi.
- Funda isivakalisi esisemgceni kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-/**s**/ kwesi sivakalisi.


**2. Ikhadi likanobumba u-/s/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: Yintoni le?
- Phinda impendulo – usana – uze ugxininise isandi sikanobumba u-/**s**/.
- Xelela abafundi ukuba babize u-/**s**/. kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajongane emilebeni ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini ibeyimiqolo emibini. Bhala umgca kanobumba u-/ **s/** ibe ngamachaphaza. Bhala umgca kanobumba u-/**s/** ibe ngamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yokubhalela umsebenzi wesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**s/.**


**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisanisa**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala unobumba u-/**s**/.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe. Zoba emoyeni, uthethe uthi:
- Siqala kungqukuva sijikele gqukuva sixwes'esphakathini sijikele ngqukuva siphelel'esthubeni.
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.

**2. Incwadi yabafundi**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-2








## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama.
- **Amalungiselelo:** Lungisa umsebenzi oyintetho malunga nefama yezilwanyana oyithandayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqonda ubume bomsebenzi oyintetho.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba uza kwenza umsebenzi oyintetho olungisiweyo namhlanje. Mabamamele ngenyameko ngoba nabo baza kwenza umsebenzi oyintetho elungisiweyo wovavanyo kule veki.
- Xelela abafundi ukuba xa uthetha ngefama yakho oyithandayo uya kulandela oluhlobo lulandelayo:
  1. Igama lesilwanyana.
  2. Inzala yaso ibizwa ntoni?
  3. Yintoni ezuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukuba nayo efama?
  4. Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Bonakalisa oku ngokubenzela umsebenzi oyintetho elungisiweyo.
- Xelela abafundi ukuba balungise owabo umsebenzi oyintetho abaza kuwenza kwangalendlela inye. Isihloko sithi: Eyona fama yezilwanyana ndiyithandayo.
- Baxelele ukuba uya kube uhlola umsebenzi wabo oyintetho iveki yonke.
- Umsebenzi wasekhaya
- Lungisa umsebenzi oyintetho ngolu hlobo ubekwe ngawo ngasentla.
- Zisa umfanekiso wesilwanyana. Ungakwazi ukuthi kanti uwuzobile, uwusike kwimagazini okanye kwiphephа-ndaba, okanye uzise into yokudlala.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Zoba usike**; oonotsheluza besigama: **isakheko, mbhoxo, nxantathu, isangqa, isikere, isikwere, uxande, iintlobo, bungakanani**
- **Amalungiselelo:** Bhala lo mbongo kwiphepha letshati njengomzekelo womsebenzi wesiphumlisi kuluhlu. Izakheko ezibungakanani obahlukeneyo. Izakheko ezi zintlobo ezahlukeneyo. Izangqa, izikwere, oxande, oonxantathu, noomboxo ziintlobo ngeentlobo ezahlukeneyo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye notitshala ngokuthi uqikelele, ukunxulumanisa kumava abo nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.


**IMISEBENZI**


**1. Phambi kokufunda**
- Thetha ngoko ubukufundile izolo.
- Isigama: Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Thetha ngokwakhiwa kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Imfundiso ethe gca: Ukusetyenziswa kwesiphumlisi
  - Buza abafundi ukuba ingaba bayalwazi na uphawu olukumgca wesi-3 wombongo yaye ingaba libizwa ngokuba yintoni kwaye lenza ntoni kwisivakalisi.
  - Cacisa kubo ukuba isiphumlisi luphawu nje lokuba umntu aphumle kancincane phakathi kwindawo ezithile zesivakalisi.
  - Uphinde ucacise ukuba isentyenziswa ukwahlula udweliso lwezinto. Isiphumlisi sivela emva kwento nganye echaziweyo.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo.
- Cela abafundi ukuba bafunde kunye nawe xa kuvela khona umbongo.

**3. Emva kokufunda**
- Cingela ngaphandle: Ndiyazibuza ingaba ezimilo zingakwazi ukwenza inja na.
- Wandule uthethe ngokuba yeyiphi na imilo engenza eliphi ilungu lenja.

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-2




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**s/;** Incwadi yesiXhosa yokwenza umsebenzi we-DBE, iphepha lama-98 kunye nelama99; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: isisu, usisi, isiselo, isoseji, isikolo
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokutsho isandi sikanobumba u-/**s**/ kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**

1. **Khumbuza**
   - Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.
   - Beka ikhadi likanobumba ebhodini.
2. **Amagama ezandi**
   - Qalisa ufundise amagama ka-/**s**/ amatsha, usebenzisa amagama akoonotsheluza kunye nomfanekiso okanye nento.
   - Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
3. **Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**
   - Cela abafundi ukuba bavule iphepha lama-98 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
   - Khokela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha lama-98 nelama-99.
   - Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi, iphepha le-100
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**s/.**

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba batyhile kwiphepha le-100 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha le-100.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo zokwenza necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama.
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubrikhi yakho yokuphulaphula nokuthetha ukuhlola uvavanyo olwenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwenza uvavanyo olwenziwa ngomlomo olulungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele oluhlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bayithandayo:
  1. Igama lesilwanyana?
  2. Ibizwa ukuba yintoni inzala yaso?
  3. Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama?
  4. Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye noobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukuba nika inqaku usebenzisa irubrikhi.
- Hlola abafundi abaliqela kangangoko ukuba ixesha elisikelwe esisifundo lisavuma.
- Uya kuqhubeka uhlola iveki yonke.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Zoba usike**
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise esifundweni sokuqala nesesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze idonga legumbi lokufundela
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Isigama: Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ubuwafundise ngoMvulo nangolwesibini eludongeni.
  - Xa omnye umfundi ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathisele kwitshati yesigama.
  - Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.

**2. Ukufunda**

- Funda ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Vumela abantwana bazifundele umbongo ngokwabo uze uncede xa kufuneka ukuba wenze njalo.

**3. Emva kokufunda**

- Cela abafundi ukuba basebenze ngababini ukuze babalise ibali. Kufuneka baqinisekise ukuba basebenzisa isigama abasifundiswe kule veki.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**z**/; oonotsheluza abasuka kudweliso lwamagama ezandi: izolo, izulu, iziko zamla
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: UZolani uzobe izilo ezine. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-/**z/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise kwisandi sikanobumba u-/**z**/.
- Xelela abafundi ukuba baya kukufunda ngonobumba u-/**z**/ - ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesi sandi.
- Funda isivakalisi esikulo mcwe wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba baphulaphule bakhangele unobumba u/**z**/ kwesi sivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/z/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi "yintoni le?".
- Phinda impendulo – izihlangu – uze ugxininise isandi sika u-/**z**/.
- Xelela abafundi ukuba bathi u-/**z**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni


| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhalela; iikoki
- **Amalungiselelo:** Zoba iimilo ebhodini uze ubhale amagama azo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazo eludweliso yeemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba kufuneka bakuncedise uzobe isilwanyana ubuthethe ngaso kumsebenzi wakho owenziwa ngomlomo, usebenzisa iimilo.
- Hlanganisa iingcinga zokuba ingayeyiphi imilo oza kuyisebenzisa kwilungu ngalinye lomzimba.
- Xa nithe nafikelela kwisigqibo, zoba isilwanyana usebenzisa iimilo ekuvunyelwene ngazo.
- Bhala oku kubeyinkcazelo:
- Ndizobe i… (igama lesilwanyana) ndisebenzisa i…, …., ….., …. (udwelisa iimilo ozisebenzisileyo).




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-4







## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Umfanekiso wezilwanyana zasefama
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubrikhi yakho yokuphulaphula nokuthetha ukuhlola umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo olungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele olu hlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bayithandayo:
  1. Igama lesilwanyana?
  2. Ibizwa ukuba yintoni inzala yaso?
  3. Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukuba nayo efama?
  4. Chaza into ibenye enika umdla eyinyaniso oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye noobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukubanika inqaku usebenzisa irubhrikhi.
- Hlola abafundi abaliqela kanga ngoko ukuba ixesha elisikelwe esi sifundo lisavuma.
- Uyakulugqiba uvavanyo ngomso.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi iphepha le-101 nele-102.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banencwadi yabo ye-DBE yokwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho isandi sikanobumba u-/**z**/ kulamagama matsha.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Bhekisela kwitshati yezandi uze uhlole ulwazi lwabafundi kumagama ebebewafundisiwe izolo.
- Beka ikhadi likanobumba ebhodini.

**2. Amagama ezandi**
- Qalisa ufundise amagama ka-/**s**/ amatsha, usebenzisa amagama akoonotsheluza kunye nomfanekiso okanye nento.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Incwadi ye-DBE yokwenza umsebenzi:**
- Cela abafundi ukuba bavule kwiphepha le-101 kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.
- Khokela abafundi ukuba benze imisebenzi ekwiphepha le-101 nele-102.
- Jikeleza phakathi kwabo, uqinisekise ukuba abafundi benza umsebenzi wabo ngendlela eyiyo. Nceda apho kudingeka khona uncedo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni yemikrozo emibini ebhodini. Bhala umkrozo kanobumba u-/**z**/ ubengamachaphaza. Bhala umkrozo kanobumba u-/**z**/ ubengamachaphaza kwiphepha elicocekileyo eligotyiweyo lencwadi yokubhala umsebenzi wesandla yomfundi ngamnye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala unobumba u-/**z**/

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelanisa**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala unobumba u-/**z**/.
- Bazele ngomqolo abafundi uze ubacele ukuba bajonge kuwe.
- Zoba emoyeni, thetha ngokuvakalayo:
- Qal'esphakathi, yenz'umgca, xwesel'ekhohlo, wenz'umgca.
- Yenza abafundi ukuba batsho kunye nawe ngesingqi esinye baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo babhale emoyeni, emqolo komnye nomnye, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.
- Yiya kunobumba obhalwe ngamachokoza ebhodini, qalisa ubhale phezu kwakhe. Yitsho isingqi ngokukhwaza uze wenze ukuba abafundi batsho kunye nawe.


**2. Incwadi yabafundi**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla baze bavule iphepha obalungiselele lona.
- Yitsho imiyalelo ngokukhwaza njengokuba bebhala.
- Jikeleza phakathi kwabo khon'ukuze ubone ukuba benza njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo iipensile zabo kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yabafundi yokubhalela
- **Amalungiselelo:** Lungisa uluhlu lwezilwanyana ukuze abafundi bakhethe kulo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazelo yoluhlu yeemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba basebenze bebabini baze bakhethe isilwanyana – ingaba sisilwanyana sasefama okanye sesasendle.
- Kufuneka bahlanganise iingcinga zokuba ingayeyiphi imilo abaza kuyisebenzisa kwilungu ngalinye lo mzimba.
- Xa bethe bafikelela kwisigqibo, zoba isilwanyana usebenzisa iimilo ekuvunyelwene ngazo.
- Bhala, oku kubeyinkcazelo:
- Sizobe i… (igama lesilwanyana) sisebenzisa i…, …., ….., …. (nidwelisa iimilo enizisebenzisileyo).
- Jikeleza uncedisa apho kudingeka khona.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** irubriki elungiselelwe uvavanyo olusesikweni
- **Amalungiselelo:** Yiza nerubriki yakho yokuphulaphula nokuthetha ukuhlola umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo olungisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kudingeka balandele olu hlobo lulandelayo ukuze bathethe ngeyona fama yezilwanyana bayithandayo:
  1. Igama lesilwanyana?
  2. Ibizwa ukuba yintoni inzala yaso?
  3. Yintoni engazuzwa ngabantu kuyo okanye kuluncedo luni ukubanayo efama?
  4. Chaza into ibenye eyinyaniso nenika umdla oyifundileyo ngayo.
- Nika abafundi imizuzu emalunga nemi-5 ukuba baziqhelanise nomsebenzi wabo owenziwa ngomlomo kunye nobhululu babo.
- Bacele ukuba benze lo msebenzi wenziwa ngomlomo phambi kwabafundi. Umzamo ngamnye wuqhwabele izandla.
- Khumbula ukuba nika inqaku usebenzisa irubriki.
- Gqiba uvavanyo namhlanje.






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba  - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise  kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-5




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Incwadi yabafundi yokubhalela
- **Amalungiselelo:** Lungisa uluhlu lwezilwanyana ukuze abafundi bakhethe kulo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso. Ukubhala inkcazelo eludweliso lweemilo ezisetyenzisiweyo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala ngesilwanyana ebebethe basikhethela ukwenza umsebenzi owenziwa ngomlomo.
- Kufuneka bacinge ukuba ingayeyiphi imilo abanokuyisebenzisa ukwenza ilungu ngalinye lomzimba.
- Bangathi ke ngoko bazobe isilwanyana besebenzisa imilo.
- Ngokwenkcazelo, kufuneka babhale oku:
- Ndizobe i… (igama lesilwanyana) ndisebenzisa i…, …., ….., …. (udwelisa imilo ozisebenzisileyo).
- Jikeleza uncedisa apho kudingeka khona.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**
isakheko
mboxo
nxantathu
isangqa
isikere
isikolo
uxande
iintlobo
bungakanani
usisi
isiselo

# Iveki yesi-7: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: Imozulu; oonotsheluza bamagama
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesihloko uze wenze oonotsheluza bamagama esiXhosa akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Izithuthi**

a. Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda isihloko uze uthethe ngaso. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi.

i. Ingaba yintoni le iboniswe apha kule powusta? (cinga ngokuvakalayo)

ii. Jongani imozulu nganye ze nixoxe ngayo.


iii. Masikhe sijonge le yethu yanamnhlanje imozulu, singayifanisa neyiphi kwezi? Kutheni usitsho?

b. Isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngasinye. Sisebenzise kwisivakalisi.

c. Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.

**2. Umsebenzi wasekhaya**

- Xelela abafundi babuze iintsapho zabo ngezinto abazenzayo.






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Uhambo;** oonotsheluza bamagama: **Ndixakekile, ikhefu, ingxowa, ukhenketho, iqakamba, ukundwendwela, umdyarho**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela; unxulumanisa kumava abo ; nokuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Iqweqwe: Thetha ngesihloko nomfanekiso uze uphendule imibuzo:
  - Luhleli phi usana?
  - Jonga kwikhalenda. Uthini umhla?
  - Cinga! Liza kuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- Ukubuka imifanekiso: Tyhila ibali (ungalifundi) jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo.
  - (iphepha lama-24) Jonga emfanekisweni. Kwenzeka ntoni apha?
  - (iphepha lama-26) Uyalibona itikiti likamama? Liphi?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ibali ngokutyibilika, ubonise ubuchule.
- Buza imibuzo yengqiqo emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lama-26) Kanene le nkwenkwe ipakishela ukuyaphi?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibizela ngokubuza:
- Ukhe wandwendwela? Luhlobo luni lwezithuthi owalusebenzisayo?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**d/;** namagama esandi u- **/d/: danisa, idolo, idami, udaka, idesika, idiliya, igadi, isidudu, idayimani**
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama ezandi. Yakha isivakalisi usebenzisa amagama enesandi u-/**d/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**d/** emagameni.

**IMISEBENZI**


**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza amagama akwesi sivakalisi abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni
- baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- isidudu = i/**s**/i/**d**/ud/u/ idiliya = i/d/i/l/i/y/a/ idesika = i/d/e/s/i/k/a/

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**d**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/d/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/d/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**d**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**d**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**d/** kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala la magama: danisa, idolo, idami, udaka, idesika, idiliya.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**d/** kunye namagama anesandi u-/**d/.**

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**d**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**d**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**d**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: Imozulu; oonotsheluza bamagama.
- **Amalungiselelo:** Beka oonotsheluza bamagama ecaleli kwepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta uyinxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Imozulu**
- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Zikhumbuzeni ngamagama ebenifunde ngawo izolo kule powusta.
- Xoxa isigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Sisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta nize nibasebenzise iveki yonke.
- Thetha ngepowusta. Cela abafundi badwelise izinto abathanda ukuzenza xa imozulu inje ngezi zikwi powusta.
- Zoba ibhokisi ebhodini uze ubhale imozulu, kunye nezinto abathada ukuzenza nendlela abaziva ngayo ngemozulu nganye.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-**Vula Bula: Uhambo;** oonotsheluza bamagama: **Ndixakekile, ikhefu, ingxowa, ukhenketho, iqakamba, ukundwendwela, umdyarho**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungise imibuzo. Yiba nemizekelo ukubonisa izakhono zoqikelelo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokwazi ukusebenzisa izakhono zoqikelelo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza isigama ebe sifundiswe ngezolo.
- Imfundiso ethe gca: Ukucwangcisela uhambo
  - Ukucingela ngaphandle: Yintoni ekufuneka umntu ayenze xa ezakuthatha uhambo, ngakumbi xa eza kulala?
  - Ningavela nje niphakame nifake nayiphi na impahla ebhegini nihambe?
  - Ingaba ikhona into ekufuneka bayenze phambi kokuba bapakishe?
  - Ebalini, yintoni epakishwe ngusomashishini? Ingaba upakishe izinto ezifanayo nezentombazana eya enkampini?

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonisa izakhono zoqikelelo ngeli xesha ufundayo:
  - (iphepha lama-28) Azi ukuba luhlala phi usapho lwakhe?

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo ngokubuza imibuzo.
  - Cela abafundi bacinge ngemibuzo ebamangalisayo.
- Ucinga ukuba bekuza kwenzeka ntoni ukuba omnye wabo ebelahle itikiti lakhe okanye elishiye ekhaya?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**d**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 82 kunye nephepha lama-83
- **Amalungiselelo :**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**d**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi ngenikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-82 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-82 nakwiphepha lama-83.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-2



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**d/.**


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthiwani xa ubhala unobumba u-/**d**/.
- Bhala emoyeni ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa:**

- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-/**d**/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa wonke umfundi utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.
- Umsebenzi wasekhaya
- Nika abafundi amaphetshana kanobumba u-/**d**/ obhalwe ngamachokoza. Kufuneka bawukhuphele ngokucinezela phezu kwamachokoza emakhaya.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /**ukubhala ngesandla.**

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-82
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UBabalo udiniwe**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 82.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso.
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)
  - Baziva njani aba bantu balapha kulo mfanekiso? Kutheni?
  - Chazela abafundi bakunike imisebenzi abayenzayo bona emakhaya.
  - Banike ithuba lokucinga ze baxelele umntu ohleli ecaleni kwabo.
  - Ingaba babeyonwabele? Yintoni eyenza ukuba bayonwabele?







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-**Vula Bula: Uhambo**
- **Amalungiselelo:** Susa amagama obe uwafundise kufundo lokuqala nolwesibini kwitshathi yesigama uze uwaxhome eludongeni ajikeleze iklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Shwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Isigama:** Cela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.


**2. Ukufunda:**

- Akuba umfundi ulifumene igama, kufuneka alifunde aze alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Ncedisa abafundi ekubizeni nasekufundeni amagama ngobuchule apho kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**

- **Ukushwankathela:** Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela oko bakufundileyo.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali nishwankathele

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-3







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**m/;** namagama esandi u- **/m/: imali, imini, imela, mamela, umama, umoya, iemele, umalume**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: Umalume uphethe i-emele enamanzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**m/** emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo. Umalume uphethe i-emele enamanzi.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**m**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba wesandi u-/m/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/m/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**m**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**m**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha letshathi; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuqamba ibali leklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuqambeni ibali leklasi.

**IMISEBENZI**

**1. Xelela abafundi ukuba uza kwenza ingathi uza kuthatha uhambo.**
- Bacele ukuba kufuneka balandele esi sakhelo sokubhala.
  - Uhamba nini?
  - Uza kwenza ntoni apho?
  - Uxakeke wenza ntoni?
  - Ziintoni ozipakishayo?
  - Unalo itikiti?
  - Uziva njani ngohambo?
- Emva kokubhala, abafundi kufuneka babhale kwakhona izivakalisi baze benze zonke izilungiso.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-46
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UMimi unenja encinci**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 46.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso.
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha?
  - Inokuba uyaphi uMimi?
  - Ukuba ungayithiya igama le nja ungathini?





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**m**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 46 nelama-47
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**m**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-46 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-46 ukuya kwiphepha lama-47.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**m**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala esi sivakalisi: Umalume uphethe i-emele enamanzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**m**/ kunye namagama anesandi u-/**m**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**m**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**m**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**m**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha; iipensile; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungiselela irubriki zokubhala uvavanyo (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso kunye nokubhala izivakalisi zalapho uya khona.

**IMISEBENZI**

- Chazela abafundi ukuba, bazakuqhubekeka nomsebenzi wabo.
- Bakhokele:
  - Uyaphi?
  - Uza kwenza ntoni apho?
  - Uxakeke wenza ntoni?
  - Ziintoni ozipakishayo?
  - Unalo itikiti?
  - Uziva njani ngohambo?




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-46
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukunxulumanisa namava abo nengxoxo bebeyenzile ngomfanekiso.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UMimi unenja encinci**
- Khumbuza abafundi ebenikuthethile ngomfanekiso.

**2. Chazela abafundi ukuba baza kufumana ithuba lokuthetha bekhokelwa yile mibuzo:**
- Cinga! Unaba ubunesilwanyana sasekhaya.
  - Ibiza kuba yintoni?
  - Ubuza kusithiya uthini?
  - Xela izinto zibembini onokuzenza nesi silwanyana.
  - Nika abafundi ithuba lokucinga:
  - Bachazele ukuba ngamnye ngexesha, mabaxelele umntu ohleli ecaleni kwabo.
  - Chonga abafundi abambalwa baxelele abafundi bonke.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba  - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise  kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso


# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-5



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Iphepha; iipensile; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela isakhelo sokubhala kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala izivakalisi ngendawo oya kuyo.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi bazobe umfanekiso wohambo lwabo.
- Ngezantsi komfanekiso kufuneka babhale ngokucacileyo kwakhona izivakalisi zabo ezisuka kwezayizolo.
- Yenza indawo eludongeni enesihloko: Uhambo lwethu. Ncamathisela imibhalo yabo nemizobo eludongeni phantsi kwesihloko.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |


**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**
indudumo
amafu
kunomoya
kuyanetha
ikhephu
ilanga
uyakha
ikiriva
ifesitile
udiniwe
ndixakekile
ikhefu
ingxowa
ukhenketho
iqakamba
ukundwendwela
umdyarho

# Iveki yesi-8: Usuku loku-1





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-62
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UFezile ufika ngomso**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-62.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)
  - Ungathi ufika phi, evelaphi uFezi?
  - Ngubani owakhe wanohambo? (xoxani ngamava abo oluhambo)








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Yophukile ifestile;** oonotsheluza bamagama: **ekrokra, engatyhilekanga, intenetya, yimboxo, iqakamba, yomnyazi**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notisthala ngokuqikelela; nokunxulumanisa amava abo; nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.


**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Iqweqwe: Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Ligumbi lantoni eli? Kutheni usitsho?
  - Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- Ukubuka imifanekiso: Thyila-tyhila amaphepha elibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama- 38) Jonga kule ntombi. Yithi, "inokuba benza ntoni?" (cingela ngaphandle)
  - Masicinge ngeyethu indlela yokuziphatha. Basifundisa ntoni abazali bethu ngokungadlaleli kufutshane nezindlu?

**2. Ukufunda**
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
  - Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lesi- 40) Ukuba indoda endala ibingakhange idlale ngebhola yegalufa, ngekwenzeke ntoni?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibizela ngokubuza:
  - Ucinga ukuba umama uva njani ngesi similo? Yintoni ekwenza ucinge oko?

# Iveki yesi-8: Usuku loku-1




f

ifoto

ifoni

ufele

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**f**/; namagama esandi u- /**f**/: **ifoto, ifoni, ifama, ufele, ifulegi,ikofu, isifuba, imifuno, abafana.**
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama ezandi. Yakha umcwe wephepha onesivakalisi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**f**/ emagameni.


**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi emagameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza amagama akwesi sivakalisi abafundi bawophule ngokwesandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- ifama = i/**f**/a/**m**/a/     imifuno = i/m/i/f/u/n/o     abafana = a/b/a/f/a/n/a/

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**f**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/f/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/f/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**f**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**f**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.
- Amagama ezandi
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**f**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala amagama esandi u-/**f**/.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**f**/ kunye namagama anesandi u-/**f**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**f**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**f**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**f**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-62
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UFezi ufika ngomso**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 62 - khumbuza okwayizolo.
- Chazela abafundi ukuba niza kuthetha ngohambo eninoluthatha.
- Kuqala ningaya phi? Kutheni nifuna uya kule ndawo?
- Bhalani uluhlu lwezinto eniza kuziphatha.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Yophukile ifestile;** umcwe wephepha onesivakalisi: **ibhola yophule ifestile**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngeempawu zokucaphula (okanye iimpawu zentetho) nokuba zibonakalisa ntoni.

**IMISEBENZI**

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngoku ubukufundise izolo.
- Isigama: Cela abafundi ukuba bacinge ngamagama amatsha ebebewafunde izolo. Mabawasebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Ukufundisa ngokucacileyo: Iimpawu zokucaphula (okanye iimpawu zentetho)
  - Buza abafundi ukuba ingaba kukhona na abakuqapheleyo ngezolo ngoku ububafundela ibali.
  - Bathe beva ukuba ubulitshintshe kanjani ilizwi lakho?
  - Babuze ukuba umntu ofundayo wazi njani xa kufuneka elitshintshile ilizwi lakhe.
  - Bafundise ngeempawu zokucaphula.

**3. Ukufunda**
- Cela abafundi ukuba bafunde ibali kunye nawe, ngokubonakalisa uvakalelo.
- Xa ufika kwiimpawu zokucaphula, bakhumbuze ukuba batshintshe amazwi abo afane nawalo mntu uthethayo.

**4. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokubuza imibuzo yovavanyo:
- Bekutheni uNkosikazi uPhosa aze abe uqinisekile ukuba ifestile yakhe yophulwe ngabantwana?








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**f**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 62 kunye nephepha lama-63
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**f**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-62 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-62 nakwiphepha lama-63.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**f/.**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthiwani xa ubhala unobumba u-/**f**/
- Bhala emoyeni ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa:**
- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-/**f**/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa wonke umfundi utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.
- Umsebenzi wasekhaya
- Nika abafundi amaphetshana kanobumba u-/**f**/ obhalwe ngamachokoza. Kufuneka bawukhuphele ngokucinezela phezu kwamachokoza emakhaya.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa **ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo**
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-122; oonotsheluza bamagama: iimbiza, isinki, isepha, amanzi
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UJabu upula iimbiza.**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le- 122
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:
  - Inokuba itya ntoni le nja apha phantsi? Kuvelaphi?
  - Ingaba kutheni lo mntwana ebakroba nje abanye?
- Isigama. Thetha ngamagama owalungisileyo ze ucele abafundi bawasebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yamagama abonakala njalo ze abafundi bawasebenzise njalo kule veki.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Yophukile ifestile**
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise esifundweni sokuqala nesesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze udonga lwegumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nesigama esitsha. Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Isigama: Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ububafundise wona ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.
- Xa omnye umfundi ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathelise kwisthati yesigama.
- Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.

**2. Ukufunda:** Cela bonke abafundi bafunde umbongo ngelixesha ubakhokela ngesalathisi.
- Cela abantwana bafunde uze uncede kuphela xa benzinyelwa.

**3. Emva kokufunda**
- Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela oku bebefunda ngako.
- Zoba itafile ebhodini, efana nale ingezantsi.
- Yiba nengxoxo ngokuba ezibhola zilandelayo zikumila kunjani. Bhala inkcazelo kwibloko ezihambelanayo nekholamu u-B wetafile.
- Yenza lo msebenzi kunye nabafundi.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**p**/; namagama esandi u- **/p/ ipapa, ipopo, ipali, ipani, ipere, ipesika, ipolisa, sipili**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**p**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**p**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba wesandi u-/p/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/p/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**p**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**p**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**

- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati eliphepha; ikoki
- **Amalungiselelo:** Lungisa itshati eliphepha.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni udliwano-ndlebe olufutshane: isihloko : Umdlalo endiwuthandayo

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba mabakuncedise ubhale udliwano-ndlebe oluphakathi komfundi omnye nomhlobo wakhe.
- Le ncoko iza kuba ngomdlalo abawuthandayo.
- Kunye nabafundi, bhalani olu dliwano- ndlebe
- Khumbula ukusebenzisa iimpawu zokucaphula ukubhala udliwano-ndlebe.
- Phinda ufunde izivakalisi ukuze ulungise iziphoso zolwimi okanye ezeempawu zokubhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-122; oonotsheluza bamagama: **iimbiza, isinki, isepha, amanzi**
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: UJabu upula iimbiza.**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le- 122 – zikhumbuzeni ngomsebenzi wayizolo.
- Chazela abafundi ukuba niza kuthetha ngemisebenzi abayenzayo emakhaya.
- Nika abafundi ithuba lokucinga ze baxelele umntu osecaleni kwabo.
- Khetha abafundi aba mbalwa baxelele bonke abafundi.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**p**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 122  nele-123
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**p**/ emagameni nakwizivakalisi.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-122 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-122 ukuya kwiphepha le-123.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo. 98



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**p**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala esi sivakalisi esinamagama anonobumba u/**p**/
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**p**/ kunye namagama anesandi u-/**p**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**p**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**p**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**p**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni udliwano-ndlebe olufutshane kwesi sihloko: Umdlalo endiwuthandayo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba kufuneka bephendule le mibuzo ngohlobo lodliwano-ndlebe, besebenzisa iimpawu zocaphulo. Kufuneka bazobe umfanekiso wabo bedlala kumdlalo.
  - Ngowuphi umdlalo owuthandayo kwezemidlalo?
  - Zeziphi izixhobo ozisebenzisayo ukudlala lo mdlalo?
- Kutheni uwonwabela nje?




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Imifanekiso yemidlalo
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba abafundi ubabeke ngamaqela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubonakalisa amava abo kumdlalo weqonga.

**IMISEBENZI**

**1. Umdlalo weqonga**
- Chazela abafundi ukuba niza kwenza umdlalo.
  - Abalinganiswa: abazali, abantwana ababini, izihlobo zabo ezimbini.
  - Igxaki: abantwana nabahlobo bebedlala, baze bophula ifesitile.
- Ncedisa abafundi ukulungiselela lomdlalo






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **UHLOLO: Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-5




## Ukubhala *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Iphepha; iipensile; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela isakhelo sokubhala kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala izivakalisi ngendawo oya kuyo.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi bazobe umfanekiso wabo bedlala umdlalo abawuthandayo.
- Ngezantsi komfanekiso kufuneka babhale ngokucacileyo kwakhona izivakalisi zabo ezisuka kwezayizolo.
- Yenza indawo eludongeni enesihloko: Umdlalo endiwuthandayo. Ncamathisela imibhalo yabo nemizobo eludongeni phantsi kwesihloko.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**

uyafika
uhambo
itekisi
ekrokra
engatyhilekanga
intenetya
yimboxo
iqakamba yomnyazi
ibhola
yophule
ifestile
iimbiza
isinki
isepha
amanzi

# Iveki ye-9: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Ikhalipha lekatana encinane;** oonotsheluza bamagama: **ikhalipha, isaqhwithi, ukukhomba, uyozo-yozo, ichebetyu, isith**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangethuba ze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali ngomdla, banxulumanise namava abo baze baphendule imibuzo.

**IMISEBENZI**

**Ukufundelwa ngutitshala**

**1. Phambi kokufunda:** Thetha ngesihloko kunye neqweqwe.
- Inokuba liza kuba ngantoni eli bali? (ukuqikelela)
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa onootsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngokutyibilika nangomdla.
- Bonisa imifanekiso, ubuze nemibuzo ngaphandle kokuliphazamisa kakhulu ibali.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo:
- Ngubani owayesenza ukuba ibe nomsindo ikatana ekhaliphileyo?
- Kwakutheni ukuze utitshalakazi angxolise ukatana?








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Ncedani**; oonotsheluza bamagama: **enambitha, ukurhala, incede, uxingile, tyibilili**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notisthala ngokuqikelela, nokunxulumanisa amava abo, nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Iqweqwe: Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
- Jonga ubuso babantu abasemthini. Ucinga ukuba baziva njani?
- Ucinga ukuba liya kuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- Ukubuka imifanekiso: Thyila-tyhila amaphepha elibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (Iphepha lesi-7) Ndiyazibuza ukuba ingaba umama uya kukwazi ukunyuka kulo mthi? (cingela ngaphandle) Nicinga ntoni?
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye.
  - Ncamathisela oonotshelusa kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
- (iphepha lesi- 4) Ibone ntoni ikati emthini?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibizela ngokubuza:
  - Wakhe wabambeka endaweni?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**w**/ namagama esandi u- /**w/:** wam, wela, wena, iwele, iwaka, yiwa, icawe, ikawusi, uloliwe
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama ezandi. Yakha umcwe wephepha onesivakalisi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**w**/ emagameni.


**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza amagama akwesi sivakalisi abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni
- baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**w**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/w/ kwisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/w/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**w**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**w**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**3. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| injeke | inkonjane | umlonji |




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**w/** kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala lamagama: iwaka,yiwa,icawe,ikawusi, uloliwe
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**d/** kunye namagama anesandi u-/**w/.**

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**w**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**w**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**w**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa <u>ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo</u>
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Ikhalipha lekatana encinane**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangethuba ze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali ngomdla, banxulumanise namava abo baze baphendule imibuzo.

**IMISEBENZI**
**Ukufundelwa ngutitshala**

**1. Phambi kokufunda:** Thetha ngenikufundileyo izolo kweli bali. Buza imibuzo:
- Ucinga kuba kuza kwenzeka ntoni ngoku? (ukuqikelela)
- Isigama: Khumbuza amagama afundisiweyo.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ubonakalisa ukufunda ngokutyibilika nangomdla.
- Bonisa imifanekiso, ubuze nemibuzo ngaphandle kokuliphazamisa kakhulu ibali.
- Lifunde uligqibe ibali.

**3. Emva kokufunda**
- Shwankathelani nisebenzisa itshati yezigaba zebali.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu **uVula Bula: Ncedani;** oonotsheluza besigama: **enambitha, ukurhala, incede, uxingile, tyibilili**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokusebenzisa izakhono zokuqikelela isiqukumbelo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Shwankathela isigama ebesifundisiwe izolo.
- Ukufundisa ngokucacileyo: Ukufundisa ubuchule bokubeka esweni uvavanyo lokuqonda.
  - Xelela abafundi ukuba, ngamanye amaxesha xa sifunda, zikhona izinto esinokuthi sizilibale, ngakumbi ukuba ukulandelelana kweziganeko kuyacotha.
  - Kulula ukubhidanisa ulandelelwano; ngoko ke, kubalulekile ukujonga ukuba usalilandela na ibali.
  - Umzekelo, kwibali elithi Ncedani, ibali liqala ngekati liqhubeke ngomlinganisi ngamnye enceda omnye.
  - Hlaziya ulandelelwano lebali kunye nabafundi. Jonga kwimifanekiso encwadini ukuze ubone ukuba ubunyanisile na.

**2. Ukufunda**
- Cela abafundi ukuba bafunde ibali kunye nawe, ngokubonakalisa uvakalelo.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokubuza imibuzo:
  - Ukuba abalinganiswa bebezoyika iindawo eziphakamileyo, bekutheni ze bakhwele emthini kwasekuqaleni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**w**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha lama- 90 kunye nephepha lama-91
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi ye DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**w**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.



**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama-90 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha lama-90 nakwiphepha lama-91.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**w /.**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthiwani xa ubhala unobumba u-/**w**/.
- Bhala emoyeni ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa:**
- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-/**w**/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa wonke umfundi utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.
- Umsebenzi wasekhaya
- Nika abafundi amaphetshana kanobumba u-/**w**/ obhalwe ngamachokoza. Kufuneka bawukhuphele ngokucinezela phezu kwamachokoza emakhaya.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla**.**

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha lama-90
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Ngumama wam lo.**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha lama- 90.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)
  - Baziva njani aba bantu balapha kulo mfanekiso? Kutheni usitsho?
  - Chazela abafundi bakunike izinto abazenzayo bona nabazali babo.
  - Banike ithuba lokucinga ze baxelele umntu ohleli ecaleni kwabo.
  - Ingaba bayayonwabela? Yintoni eyenza ukuba boyonwabele?








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Ncedani**
- **Amalungiselelo:** Awadingeki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwakathela ibali – izigaba zebali

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bafunde ibali uze ubancede ukuba bayaxakwa.
- Zoba umfanekiso womthi ebhodini.
- Biza abafundi beze ngaphambili, ukuza kusebenzisa amakhadi amagama bazokubalisa ibali kwakhona, bencamathelisa abalinganiswa emthini ngalendlela ibali lilandelelana ngayo.




x

uxolo

ixoxo

xoxa

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**x**/; namagama esandi u- /**x**/: xoxa, ixoxo, ixolo, uxolo, xukuxa, xobula, xabela, ixabiso, ixelegu
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi: Utata uxobula ixolo le-orenji.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**x**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo: Utata uxobula ixolo le-orenji.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**x**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba wesandi u-/x/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/x/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**x**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**x**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni


| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhalela; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungisa itshati yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakuncedisa ukubhala isishwankathelo sebali, uNcedani.
- Cacisa ukuba, ukuze sibhale isishwankathelo:
  - Senza uluhlu lwabalinganiswa.
  - Sibhale iziganeko ngokulandelelana kwazo.
  - Sichaze ukuba liphele njani ibali. Sisebenzise olu lwazi ukubhala isishwankathelo, sisebenzisa awethu amazwi.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-126
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Sixoxa ngeqwarashe nomvundla.**

a. Cela abafundi batyhile kwiphepha le- 126.

b. Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:

i. Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)

ii. Inokuba kuphi kule ndawo?

iii. Ngubani owakhe waya kwikhaya lwezilwanyana? Xoxani.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**x**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 126 kunye nephepha le-127
- **Amalungiselelo :** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**x**/ emagameni nakwizivakalisi.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi ngenikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**

- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-126 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-126 ukuya kwiphepha le-127.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo. 98



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**x**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala esi sivakalisi: Utata uxobula ixolo le-orenji.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**x**/ kunye namagama anesandi u-/**x**/.


**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**

- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**x**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**x**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**

- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**x**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.





## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Ncedani**
- **Amalungiselelo:** Awadingeki.
- **Iinjongo zesifundo:** Balisa ibali kwakhona.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi ukuba bafunde ibali uze ubancede ukuba bayaxakwa.
- Zoba umfanekiso womthi ebhodini.
- Biza abafundi beze ngaphambili ukuza kusebenzisa amakhadi amagama ukuze babalise ibali kwakhona, bencamathelisa abalinganiswa emthini ngale ndlela ibali lilandelelana ngayo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /**ukubhala ngesandla**

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Ikhalipha lekatana encinane**
- **Amalungiselelo:** Lungiselela abafundi ukubalisa ngebali abalifundileyo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubonakalisa ukuqonda ibali ngokulibalisa kwakhona.

**IMISEBENZI**

**Ukufundelwa ngutitshala**

1. Yohlula abafundi ngokwamaqela.
2. Yalela abafundi balungiselele ukubalisa ibali.
3. Nika abafundi ithuba lokulungisa ze uhamba-hambe Phakathi kwabo ubanceda.
4. Nika amaqela ithuba babalise ibali.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)

- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)

- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo**

- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-5




## Ukubhala *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Incwadi yabafundi yokwenza umsebenzi
- **Amalungiselelo:** Awadingeki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchaza nokuzoba umlinganiswa webali ebelifundiwe ngexesha lokufunda notitshala.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba babhale ngomlinganiswa abamthandayo ebalini.
- Kufuneka batsho ukuba kutheni ingoyena mlinganiswa bamthandayo nje lowo.
- Mababhale izivakalisi ezimbini ezichazayo.
- Kufuneka bamzobe umlinganiswa.
- Jikeleza uze uthethe nabafundi ngemizobo yabo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**


**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**
Ikhalipha
isaqhwithi
ukukhomba
uyozo-yozo
ichebetyu
enambitha
ukurhala
incede
uxingile
tyibilili

# Iveki ye-10: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-110
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Abangawo amavila**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-110.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)
  - Baziva njani aba bantu balapha kulo mfanekiso? Kutheni?
  - Chazela abafundi bakunike imisebenzi abayenzayo apha esikolweni.
  - Banike ithuba lokucinga ze baxelele umntu ohleli ecaleni kwabo.
  - Ingaba babeyonwabele? Yintoni eyenza ukuba bayonwabele?






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Uphi uZinzi?** oonotsheluza besigama: **ukwakha, umsebenzi, abasebenzi, ukudinwa, ilovane, icikilishe**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela, ukunxulumanisa kumava abo nokuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko nomfanekiso uze uphendule imibuzo:
  - Ingaba liqhubeka phi eli bali?
  - Cinga! Liza kuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Ukubuka imifanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi) jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo.
  - (Iphepha lama-15) Jonga emfanekisweni, ucinga ukuba aba bantu bayonwabele lento bayenzayo?
  - (Iphepha lama-19) Benza ntoni aba tata balapha? Inokuba kutheni omnnye esela?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ibali ngokutyibilika, ubonise ubuchule.
- Buza imibuzo yengqiqo emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (Iphepha lama-17) Zifake ezihlangwini zikaZinzi. Inokuba ucinga ntoni?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibizela ngokubuza imibuzo yokuqonda?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**v**/ namagama esandi u- **/v/: vela, vala, veza, vula, vuka, vakala, ivazi, iveki, uvuyo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama ezandi. Yakha umcwe wephepha onesivakalisi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**v**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi ukuba isivakalisi senziwa ngamagama, amagama anamalungu, bamamele isivakalisi baze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza amagama ekwesi sivakalisi abafundi bawophule ngokwe sandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**v**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakunike amagama anesandi u-/v/ kwisivakalisi.

# Iveki ye-10: Usuku loku-1

**v**

**vala**


**vela**

**veza**

**3. Ikhadi likanobumba u-/v/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**v**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**v**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**v**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala lamagama: vela, vala, veza, vula, vuka, vakala, ivazi, iveki, uvuyo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**v**/ kunye namagama anesandi u-/**v**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**v**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**v**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**v**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa <u>ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo</u>
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-118
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Yona ifuna ukutya**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-118.
- Funda isihloko ze nithethe ngomfanekiso:
  - Ingaba kwenzeka ntoni apha? (ukuqikelela)
  - Baziva njani aba bantu balapha kulo mfanekiso? Kutheni?
  - Sesiphi isidlo abasonwabelayo ekhaya? Kutheni besonwabela nje?






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Uphi uZinzi?** oonotsheluza besigama: **ukwakha, umsebenzi, abasebenzi, ukudinwa, ilovane, icikilishe**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo. Bhala ngombhalo obonakalayo iphepha le-19.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela, ukunxulumanisa kumava abo nokuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza isigama ebesifundiswe ngezolo.
- Abafundi mabakuxelele ngabakufunde izolo.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonisa izakhono zoqikelelo ngeli xesha ufundayo.
- Cela abafundi bafunde nawe iphepha le- 19.

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo ngokubuza imibuzo.
  - Lwaluxakeke lusenza ntoni usapho lukaZinzi?
  - Yintoni umsebenzi ka Zinzi?
- (QAPHELA! Eminye imibuzo ekupheleni kwebali)

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-2





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**v**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 110 kunye nephepha le-111
- **Amalungisele lo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **n Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u /**v**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi enikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-110 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-110 nakwiphepha le-111.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokulungileyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**v/.**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula ukuba kuthiwani xa ubhala unobumba u-/**v**/.
- Bhala emoyeni ucele abafundi bangenelele.

**2. Qhelanisa:**
- Xelela abafundi baza kuqhela ukubhala unobumba u-/**v**/ (unobumba omncinci) besebenzisa iincwadi zabo zomsebenzi wokubhala ngesandla.
- Qinisekisa wonke umfundi utyhile ephepheni elilungileyo.
- Khokela uze ukhombise abafundi xa bebhala ezincwadini zabo.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.
- Umsebenzi wasekhaya
- Nika abafundi amaphetshana kanobumba u-/**v**/ obhalwe ngamachokoza. Kufuneka bawukhuphele ngokucinezela phezu kwamachokoza emakhaya.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-118
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umfanekiso: Yona ifuna ukutya**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le- 118.
- Thethani ngeendidi ezahlukileyo zokutya.
- Izinto ezisinceda ngazo
- Dwelisa indidi zokutya zibe ntandathu ukulungiselela ukubhala.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-**Vula Bula: Uphi uZinzi**
- **Amalungiselelo:** Susa amagama obe uwafundise kufundo lokuqala nolwesibini kwitshathi yesigama uze uwaxhome eludongeni ajikeleze igumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukushwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Isigama: Cela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.

**2. Ukufunda:**
- Akuba umfundi ulifumene igama, kufuneka alifunde aze alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Ncedisa abafundi ekubizeni nasekufundeni amagama ngobuchule apho kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**
- Ukushwankathela: Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela oko bakufundileyo.
- Sebenzisa ipowusta yezigaba zebali nishwankathele







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**y**/; namagama esandi u- **/y/ yima, yiwa, yaba, yomile, iyoyo, iyeza, kuyana, umoya, idiliya**
- **Amalungiselelo:** Yakha umcwe wephepha onesivakalisi samagama esandi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa unobumba u-/**y**/ emagameni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukumamela izandi egameni:** Chazela abafundi bamamele isivakalisi ze baphendule imibuzo.
- Mangaphi amagama akwesi sivakalisi?
- Biza igama ngalinye ze abafundi balophule ngokwamalungu.
- Biza la magama alandelayo ze abafundi bawophule ngokwesandi ngasinye egameni baphinde bawabize kakuhle ngokudibeneyo.

**2. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini ze usifunde ngelizwi eliphezulu, ugxininise isandi u-/**y**/.
  - Cela abafundi bamamele, bakhangele unobumba wesandi u-/y/ kwisivakalisi.

**3. Ikhadi likanobumba u-/y/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze ze nithethe ngomfanekiso negama, nigxininisa unobumba u-/**y**/.
- Abafundi mabajonge imilebe yakho xa ubiza isandi u-/**y**/ ze baphinde bajongane xa bebiza esi sandi.

**4. Amagama ezandi**
- Hlelani amagama ngokwesicwangciso esingezantsi. Sindawoni isandi egameni

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha letshathi; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuqamba ibali leklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuqambeni ibali leklasi.

**IMISEBENZI**

1. **Xelela abafundi ukuba niza kuthetha ngezinto abanokuzenza ukunceda abanye abantu xa kusetyenzwa emakhaya.**
   - Abafundi mabacinge ukuba yeyiphi imisebenzi eyenziwayo emakhaya.
   - Sebenzisa esi sakhiwo ukubhala incoko yenu:

| Imisebenzi ethi yenziwe emakhaya | Into endinokuyenza ukuncedisa |
|---|---|
| | |
| | |
| | |





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-120
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umsebenzi**
- Xelela abafundi batyhile kwi phepha le –120.
- Cacisa imsebenzi ze uqinisekise ukuba bonke abafundi bayasebenza.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**
- Sebenza neqela lakho elidinga uncedo koonobumba nezandi.
- Sebenzisa amakhadi oonobumba kunye namagama ezandi.






## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Vula Bula: ikhadi likanobumba u-/**m**/ namagama; incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa, iphepha le- 118 kunye nephepha le-119
- **Amalungiselelo :** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nokusebenzisa unobumba u-/**y**/ emagameni nakwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Sebenzisa ikhadi likanobumba kunye namagama ukukhumbuza abafundi ngenikufunde izolo.
- Abafundi mabalophule ngokwamalungu igama xa belibiza ze baphinde balibize kakuhle belidibanisa.
- Abafundi mabanike izivakalisi besebenzisa la magama bebonakalisa ukuqonda intsingiselo.

**2. Incwadi yomsebenzi ye-DBE**
- Cela abafundi batyhile kwiphepha le-118 kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Khokela abafundi benze imisebenzi kwiphepha le-118 ukuya kwiphepha le-119.
- Hamba-hamba uqinisekise abafundi benza umsebenzi ngokuchanekileyo. 98



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini kwimigca emibini kunye nonobumba u-/**y**/ kumgca ongezantsi, kumgca olandelayo bhala esi sivakalisi esinamagama anonobumba u/**y**/
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-/**y**/ kunye namagama anesandi u-/**y**/.

**IMISEBENZI**

**1. Qhelanisa**
- Cela abafundi bakujonge xa ubhala unobumba u-/**y**/ emoyeni, ufulathele.
- Baxelele baphinda-phinde lo gama besebenzisa iminwe yabo ukubhala unobumba u-/**y**/ emoyeni, edesikeni, nasemiqolweni yabahlobo babo. Thetha le ndlela ubhala ngayo ze bakulinganise.

**2. Iincwadi zabafundi**
- Mabakhuphele iphatheni esebhodini ze babhale unobumba u-/**y**/ beziqhelanisa.
- Khumbula ukujonga indlela yokuhlala yabafundi, indlela yokubamba ipensile kwakunye necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha letshathi; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuqamba ibali leklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuqambeni ibali leklasi.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza abafundi ngomsebenzi wayizolo.**

**2. Abafundi bathathe iincwadi zabo zokubhala ze bakhuphele enikubhalileyo.**
- Hamba – hamba uqinisekise ukuba bakhuphela ngokufanelekileyo





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla







## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi ye-DBE yesiXhosa; iphepha le-112 nephepha le-113
- **Amalungiselelo:** Qiniseka ukuba bonke abafundi banayo incwadi yomsebenzi ye-DBE.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso, banxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umsebenzi**
- Xelela abafundi batyhile kwi phepha le -112 nele-113.
- Cacisa imsebenzi ze uqinisekise ukuba bonke abafundi bayasebenza.

**2. Ukusebenza neqela elincinci**
- Sebenza neqela lakho elidinga uncedo koonobumba nezandi.
- Sebenzisa amakhadi oonobumba kunye namagama ezandi.






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- UHLOLO: **Sebenzisa lo msebenzi ukuqokelela amanqaku ale Qota**
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (letter cards cards) ZONKE EZIFUNDISIWEYO; oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama amahlanu alula afundisiweyo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama alula akhiwe ngononye.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
- Cela abafundi bajonge unobumba omphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngunobumba.
- Phakamisa icadi lonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba


**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba ma-5)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi babhale igama KUPHELA ezincwadini.

Jonga ukuba babhale ngokuchanekileyo ze benze izilingiso

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-5





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda komfundi** ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla




**Isigama seveki**

amavila
izitya
Uhlamba
ukwakha
umsebenzi
abasebenzi
ukudinwa
ilovane
icikilishe
ukutya
etafileni

